Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com


7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nama-40 emizuzu |
| ICANDELO B: | Malunga nama-55 emizuzu |
| ICANDELO C: | Malunga nama-55 emizuzu |

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'UMfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Iimbongi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Inyibiba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'A! Ngangomhlaba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Udaba lobuso' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe ongafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UMFIKAZI uCharlotte Manyhi Maxeke –SEK Mqhayi**
('Ndesuka ndingunina kwaSirayeli' (Gwebi 5:7)

Shukumani bafazi;
Ushenxil'uMamarhixirhixi;
Ufinyis'amagruxu;
Ushenxil'okad'esakh'umzi,
Egutyul' iirhanga namanxila;
Egodus' amahilihil' agoduke;
Kubuy' amadungudwan' emazweni;
Itye lesiseko seTiyopiya!
Shukumani bafazi!

Igqibil'intomb'asemzini;
Igqibil' intomb'aseLusuthu;
Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
Ukhe wabek' iinyawo kwelabaTswana;
Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
Wabek' amabele kubaThembu;
Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

Maz' emabele made yaseAfrika;
Okwanyis'usapho lukaNtu luphela;
Azi nonyaka yaphusile nje
Logangwa yintokazi kabani na?
Menzelen' ilitye lokukhunjulwa;

Downloaded from Stanmorephysics.com


Ze siqhayisele ngal' amavilakazi;
Az' angaz' alityalwe kowabo;
Az' angaz' alityalw' emhlabeni;
Az' angaz' alityalw' –eAfrika!
Nci! Ncincilili!

Cazulula isigama salo mbongo esityhila igalelo likaCharlotte Maxeke kwiAfrika iphela. Impendulo yakho mayivelele okulandelayo ngesigama ngasinye osikhethileyo;

(a) Intsingiselo yemihla ngemihla yesigama.

(b) Sisetyenziswa xa kutheni?

(c) Sithi liyintoni igalelo likaCharlotte Maxeke eAfrika?

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo olandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**IIMBONGI – ZS Qangule**

Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga,
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa,
Zazi zeembalo ukuprofithesha,
Makholwa endalo ukubhedesha,
Manyange anyanga izizwe,
Bavuseleli abatyala ubuzwe,
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
Ndiphuma nani ngokutola,
Ndivuma nina ngokuhlola.

2.1 Nika zibeMBINI iindidi zabantu ezifaniswa nazo iimbongi ngokwekwatreni yoku-1. (2)

2.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-3 ngokwalo mbongo. (2)

2.3 Chaza indlela esidalwe ngayo isingqisho kulo mbongo. (2)

2.4 Cacisa ukuba isikweko esikumqolo we-11 sisiqaqambisa njani isiphiwo seembongi. (2)

2.5 Nika umyalezo walo mbongo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INYIBIBA – JJR Jolobe**

Ndayibona izifihla
Enqaben' ezixhotyeni,
Ngaphakathi kwamalwalwa
Amabini, iqaqambile.
Hayi, obo buhle!

Izityalo ezithile
Zaye zimi zijikele;
Yayiphakamisa leyo
Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
Njengetshawekazi.

Loo magqabi asixwexwe
Achokozwe busiliva,
Aphuphuma kukuphila,
Ayekratsha ngemveliso
Yobo bomi bawo.

Kwanothuli oluphantsi,
Nokhula' olukufuphi,
Lwema ngathi luyanqula
Loo nzwakazi yasezindle-
Inyibiba entle.
Yayibonwe ngala mehlo,
Yathokoza intliziyo;
Kwakho ukufudumala
Endikungekuchazi mhlana
Ndabona loo nzwakazi.
Ndev'izisebesebezo
Emazants'obume bami,

Zindityel'ukuthi yeyam
Phofu ingeyiy'ubuhle
Bonke obunjengayo.

3.1 Nika zibeziBINI iziqwengana eziyifanisa nabantu inyibiba ngokwezitanza ezibini zokuqala. (2)

3.2 Tyhila intsingiselo yomqolo we-13 ngokwalo mbongo. (2)

3.3 Chaza indlela esidalwe ngayo isingqisho kwizitanza ezithathu zokuqala zesi sicatshulwa sombongo. (2)

3.4 Cacisa ukuba isikweko esikumqolo we-19 sibuqaqambise njani ubuhle benyibiba. (2)

3.5 Nika umyalezo walo mbongo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**A! NGANGOMHLABA – SEK Mqhayi**

……………………………………….
Kulahlek' inkwenkwezi yoKumkani.
Kwagqum'okaNopanyaza kwaGompo,
Wothuk' uBusobengwe kwelikaHintsa,
Kwaqhuqhumb' uNosikakana phezu kweTole.
Yamathumb' antaka ekaLuzipho eKunene.
Zagidim'incwad' ukusing' eMtata;
Lwambox' uthul' ukubhek' eMatshona;
Zabuy' incwadi zisithi kwaNombor' Sikis,
Aph' izilonyana zodibana khona,
UNgangomhlaba noZweliyazuza.
Mhla kwahlw' emin' eDiyara;
Kwanuk' irhuluwa nentsimbi;
Kwatshixiz' umthi komny' umthi;
Kwaqhawuk' imbeleko nemibeleso;
Wathi umntu kudiben' izulu nomhlaba!
Bebedityaniselwa ntonin' abangaka?
Kusaphuk' imikhonto nje ngoku siphina?
Yaba kukudlula kwalo njalo
Malixol'ilizw' inkwenkwez' ifumanekile.
Mazibuy' izinto ziye ngeendawo zazo.
Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRubusana
Kade sinixelela zinkosi

Sisithi wagcinen' amadun' akowenu!!
Ncincilili!!

4.1 Nika zibeMBINI iinkosi zamaXhosa ezakhathazekayo ngokwemiqolo yoku-1–4. (2)

4.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-5 ngokwalo mbongo. (2)

4.3 Chaza indlela esidalwe ngayo isingqisho kwimiqolo ye-12–14 yesi sicatshulwa sombongo. (2)

4.4 Cacisa ukuba isikweko esikumqolo we-12 ukuya kowe-15 siyiqaqambisa njani imeko yentlanganiso eyayiseDiyara. (2)

4.5 Nika umyalezo walo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UDABA LOBUSO – JJR Jolobe**

Undwendw' oluyimfundi kwilali yasemzini,
Lwabakho efihlweni lelunga lentokazi.
Ngesiko lamaphandle ukumhl' entloko umntu,
Lwacelwa lwenz' intetho kwinkonz' ezukileyo.

Lwathi, 'Imbonakalo yobuso iyincwadi.
Isihange sifundwa ngokubhalw' ebusweni.
Ufukuko lobuso obulifutyufutyu
Luxel' ukuthi umntu yindlamanzi yenene.'

Lwahambisa, 'Kobale nzwakaz' ingqengqe apha
Besibon' ubulali nothando maxa onke.
Makalale ngoxolo umfikazi. Ngale nto
Ufundise lukhulu.' Ancwina amanina.

Ekhaya umfazana ondoda yayisela
Wathi, 'Yise kaTutu kuthethiw' edlakeni.'
Encuma wahambisa, 'Yaz' uthe utitshala
Akuthetha ngobuso ndakhangela kobakho.'

Yashiya mpasalala njalo intombi yomntu.
Yathi kant' ifezile. Waguquka loo mfana

Ngokuyinkcenkceshela ngemfefa yobuchule
Imbewu ehlwayelwe kwintetho ngomfikazi.

5.1 Bhala ngesivakalisi esiNYE umxholo walo mbongo. (2)

5.2 Cacisa la mazwi 'imbonakalo yobuso iyincwadi' ngokomongo wesitanza sesi-2. (2)

5.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ngokwalo mbongo ngabantu abangamanina abalivayo ilizwi londwendwe kumngcwabo ekuthethwa ngawo. (2)

5.4 Xela ukuba kutheni umqolo wama-20 usithi abayimbewu amazwi ondwendwe. (2)

5.5 Phawula ngendlela imbongi ewabona ngayo amabhinqa namadoda kulo mbongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo we-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Ngqina uluvo lokuba umthetho unamandla kunolwaphulomthetho ngokuthathela ingqalelo usukuzwano oluphakathi kukaMapheza noMfuneko kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

'Kanti usandibambe ngentliziyo nangoku Msindisi!' watsho ezityikila ngeenyembezi ebusweni uThantaswa.
'Andikubambanga ngentliziyo sithandwa sam. Musa ukulila sul'ezo nyembezi,' watsho uMsindisi owayesandula ukufumana ifowuni evela kubhuti kaSiziwe, uMzolisi.
UMsindisi kaloku wayeza kuba nedinga nabo ngemini elandelayo ngorhatya emzini kaSiziwe. UMzolisi yena wayesel'emgobile udade wabo, kushiyeke nje uSiziwe ukuba atsho kuMsindisi ukuthi makaqhubele phambili ngomtshato nokuba uza kuba ngumfazi wasekunene na.

'**Lo sathan' ugush'izembe bendimthandazela ukuba asuke emva kwethu ngathi usasilandela**. Ufuna ukuzibona ephumelela ekusahlukaniseni nokuba kungayiphi na indlela, kodw' apha kum ke akanayo indawo. Ndikhuselwe zizandla zoNyana kaThixo,' watsho uThantaswa nokungena kukaNozizwe.
Wathelwa rhiphu luvalo uNozizwe owayeyokukhumbuza uMsindisi ukuba angalali engayanga kulaa ndawo ebethe aze amkhumbuze ngayo. Wabulela ngokungazenziyo uMsindisi, yaba kukuphela kwengxabano yabo ngolo hlobo. Watsho ehlaba umbuzo emyenini wakhe uThantaswa ngoko nangoko.

Downloaded from Stanmorephysics.com

'Uza kuya phi na sekuhlwile nje?' wabuza uThantaswa emjongile uMsindisi. Wayefikelwe sisikhwele, ecinga ukuba uza kuphuma aye kulo Siziwe wakhe.
'Sowulibele na ukuba ngomso kufuneka ndiseThekwini ngentsimbi yesixhenxe kusasa? Kaloku la somashishini ndizama kuye ukufaka esinye sezi zigadla zam uhlala eChartsworth. Uthe ke masidibane ngentsimbi yesixhenxe ngomso ukuze azokundazisa kwabanye oosomashishini bezigadla.

7.1 Xela ukuba uthetha ukuthini uThantaswa xa athi uMsindisi usambambe ngentliziyo. (2)

7.2 Chaza ukuba ukuzityikila ngeenyembezi kukaThantaswa ngokwesicatshulwa kuhambelana njani nesihloko sesahluko esithi 'Ukulila okwenkawu'. (2)

7.3 Chaza ingxaki edalwe yifowuni kaMzolisi ekuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (2)

7.4 Cacisa ukuba iingxoxo ngesithembu zilukhulise njani unxunguphalo kule noveli. (2)

7.5 Tyhila isigqebelo esikule ntetho kaThantaswa ibhalwe ngqindilili. (2)

7.6 Xela ukuba uvalo olukuNozizwe lubengumqondiso wantoni ngokwebali lale noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

'**Ukuba besingasebenzi nalaa mpimpi uMapheza, nawe ngoku ngowusasebenza, mfo kaZalala, watsho uNqoza ejonge enkosikazini yakhe.**
'Hay' bo! UMapheza ngoku sengcothozela ooNjinga naye?' wabuza othukile uZalala.
'Kanti akumazi, kukudala nje wawenzayo loo msebenzi wokurhubuluza? Uthi wena ungaphandle nje emsebenzini ngubani?'
'Andikayikholelwa le nto uyithethayo Nqoza,' watsho enikina intloko uZalala.
'Andithi nguMapheza kanye owaya kuxelela uNjinga ukuba mna ndiya emsebenzini ndinxilile ebusuku? Yinyoka efuna ukucunyuzwa intloko ukuze ingaze iphinde ivuke,' watsho ejike ebusweni uNqoza.
'Andikakuva kakuhle kuba mna ndazi inguMnenga irhamba elikhulu elirhubuluzela ooNjinga. Mna lo ndabanjiswa nguye emva kokuba eqhekeze isitora weba imipu emihlanu wayithengisela imigulukudu yakhe engooSixaki,' watsho emana ukugushuza kancinci umfo kaZalala.
'Yinto oyithatha phi ke leyo wena Zalala kuba uMnenga uthi nguMapheza kanye owakubambisayo?'
'Heyi, Nqoza! Useza kukulimaza uMfuneko ukuba umkha ngecephe leti! <u>Akukho nto inomntakaMapheza tu. Uyamtyhola. Akanakuze ayithethe loo nto ndikhona kuba ndingaze ndimgqogqe iindlebe</u>,' watsho uZalala efuna ukufudumala kancinci. Wanqwala intloko kancinci uThembakazi owayezimamele ngomdla ezi ndaba.
'**UMnenga lo kanti yimpimpi naye?' watsho ejonge phantsi uNqoza. 'Ubungamazi kanti? UNjinga wandixelela ukuba weva ngoMfuneko esirhoxweni sotywala ukuba imipu yabiwa ndim.**

7.7 Ngeengongoma eziMBINI ezikwesi sicatshulwa ngqina ukuba uMfuneko akamfuni uMapheza. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.8 Khetha kwizibiyeli injongo yokusebenzisa abalinganiswa njengejelo lokubalisa kwesi sicatshulwa. (Kukubazoba mayana abalinganiswa abathethayo/kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo.) Xhasa impendulo yakho. (3)

7.9 Susela kwintetho ebhalwe ngqindilili, ube nguZalala, ubhale iingongoma eziMBINI apho ugqogqa iindlebe zikaNqoza ngoMfuneko. (2)

7.10 Chaza isimo sikaMfuneko nebesikade singaziwa nguNqoza esivela kule ngxoxo ikwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Ucinga ukuba le noveli ingaluncothula neengcambu ulwaphulomthetho esipoliseni? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.12 Ngqina ukuba ukunyoluka kukaThantaswa kuyikhokelele kwisiphelo esiyintlekele le noveli. (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ngqina ngomlinganiswa onguThole ukuba ubuKrestu nesazela bube namandla kunento zehlabathi kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

'Madoda ndiphenduleni ndiyabuza?' uphindile ebuza.
'Mfondini akuthanga uya eGcuwa?' wabuza umqhubi wemoto.
'Nditshilo.'
'Ke ufuna ntoni ngoku?' watsho umqhubi engamanga eyivuthela imoto.
'Ndingxamele ukungayiqondi le ndlela yakho,' watsho uThole eyekelela.
Kuthe besaxoxa leyo bavela komnye umbhalo, *'You are now entering the Knysna Forests'* kwaphinda kwabhalwa into eninzi ezantsi kwawo kulunyukiswa abantu ngezilo ezilapho, aye amahlathi ethe thantalala phambi kwabo. Bagqithe njalo kulo mbhalo baye sebengena ehlathini. Bangene nje yema imoto. Wehla umqhubi wayivula ngaphambili wayiphathaphatha wabonakala enikina intloko esiza kubo emotweni esithi, **'Madoda, ndiphelelwe ngamafutha.'** Watsho wangena emotweni lo mfo wee nxokotho eqamele ngevili lokuqhuba.
'Ngoku ke kuza kuthiwani mqhubi?' wabuza uThemba.
'Ndixakwe yiloo nto ubona ndithe nxokotho nje.'
'Kulungile ke madoda ndiza kunicela nihle, nindilinde apha ndide ndibuye, ndiza kujika ndikhangele apho ndinokuthi ndithele khona amafutha kuba ndiyaqonda ukuba kukude phambili.' Ehla onke amadoda ahlala ecaleni kwendlela wayibasela umqhubi ejika. Ngalo lonke ixesha bemi apho zamana zivakala izikhalo zeemfene, imigqumo yeendlovu neengonyama etsho kuhambe umzimba kwezo ntsunguzi zamahlathi, phofu zinga zitsho kude. Yayinyamezeleka yonke le migqumo kodwa oweengonyama owawusithi wakutsho kunyikime nomhlaba kwakunzima ukuwunyamezela.

9.1 Xela ukuba sithetha ukuthini isenzo somqhubi sokuphendula uThole ngemibuzo. (2)

9.2 Chaza ukuba ukusinda kukaThole kwiingonyama kuhambelana njani nesihloko sesahluko esithi 'Vuyisanani nam'. (2)

9.3 Chaza ingxaki eziswe kukuba umqhubi engayithatheli ingqalelo imibuzo kaThole. (2)

9.4 Cacisa ukuba ukuzenza igqirha kukaThole kuludala njani unxunguphalo kubafundi benoveli. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


9.5 Tyhila isigqebelo esikwisehlo sale mini ikwisicatshulwa malunga noThemba noSonwabo. (2)

9.6 Xela ukuba ixhala likaThole libengumqondiso wantoni ngokwebali lale noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

Batsho bakroza ukuza ngaphambili beyibetha imali. Atsiba amadodana adibanisa izitulo esenza itafile, yabethelwa kuyo imali. Hayi ke emva koko, yaphoswa nje imali kwezo zitulo okwamatye esivivane kungekho ukhathalele ukubhalwa. Kwathi kusenziwa ufefe yaye iyimfumba imali phambi komfundisi. Yathi yakubalwa kwafunyaniswa ingaphaya kwamakhulu amathathu eeponti, into leyo eyabetha bamangaliswa, umfundisi nenkosikazi yakhe. Emva kokuba ixeliwe imali bachithakala abantu bethembisa beyalezana ngecawa elandelayo besithi yoba yeyokubethwa kwemali besithi bafuna ingalibazisi indlu yecawa, kufuneka iindonga zeSpes Bona zimile ngokukhawuleza. Wababulela abantu umfundisi ngokungazenzisiyo emthembisa ngokuhlangabezana nabo. **Kwicawa elandelayo yabethwa imali yaqabela ewakeni kwelo waka wafaka iwaka uMangaliso yangamawaka amabini.** Kaloku noko umfo lo wayengalambanga kakhulu, uthi zaziphi iimali zemibuliso yokufika kwakhe? Zathi zakufika ezi ndaba kwiintsumpa zamaWesile akalityalwa uMangaliso ngokwahlula abantu baseGeorge Goch abanzima gqitha. Wonke umfundisi adibana naye wayemthanda ukuqonda ukuba ubadlele mthi mni na abantu baseGeorge Goch. Kuloo mawaka mabini icawa yaseWesile yafaka amanye amabini, into ke leyo eyathetha ukuba amawaka amane aphelele, mawuqale umsebenzi. Yathi iqala inyanga yesibini zaye zisihla zinyuka iilori zithutha izitena, amazinki nesamente zidilizela kweso siza samaWesile bewuqalile umsebenzi abakhi.

9.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ezikwesi sicatshulwa ukuba wayamkelekile uThole njengomfundisi eGeorge Goch. (2)

9.8 Khetha kwizibiyeli injongo yokusebenzisa abalinganiswa njengejelo lokubalisa kwesi sicatshulwa. (Kukubazoba mayana abalinganiswa abathethayo/ kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo.) Xhasa impendulo yakho. (3)

9.9 Susela kwintetho ebhalwe ngqindilili ube nguThole ubhale iingongoma eziMBINI apho ubulela abantu baseGeorge Goch kubomi bakho bobufundisi. (2)

9.10 Chaza isimo sabantu baseGeorge Goch ebesikade singaziwa ngabefundisi abedlulileyo ngokwesicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Ucinga ukuba le ncwadi ingalinika ithemba kubantu abaphantsi koxinzelelo lokungabi nabazali? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.12 Ngqina ukuba ukuphindela esikolweni kukaThole kukhokelele ekubeni isiphelo sale noveli sibesisiyoliso. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ngqina ngokusebenzisa umlinganiswa onguMfazwe namapolisa ukuba ubuthandazwe bube namandla kunengcinezelo kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

'Inengozi ke le ndawo uze kuyo. Le ntaba yindawo yamarhamncwa, iinyoka ezinobuhlungu, izigcawu, oonomadudwane nonomanxazane, kwakunye ke nabazingeli abanoburhalarhume. Kaloku siyayibisa le nto yokuzingela. Ukuba ndinokufunyanwa ndingabulawelwa apha ngala mabhulu.' Ndayimamela indoda enkulu ithetha ijonge kweziya zandla zayo, imana ukundithi tshawu nje kube kanye, ibuye ijonge phesheya. Ndathi bendichophile ndabuya ndahlala ngeempundu.

'Ndiyakubona ukuba ukhaliphile, kodwa ke ukuba uva ngam amakhalipha afa kuqala emfazweni. Andikwazi ukuba usuka phi na, ndingafuni nokuyazi loo nto kunjalo nje. Abukhali amapolisa alapha, ukuba usindile uze undishunqule lo mnwe wam.' Watsho lo mfo endikhombisa into exwebileyo yocikicane.
'Ndingasinda njani?' Ndabuza ndicuthe amehlo, ndingenwe lixhala elibangwa yile ncoko.
**'Akukho ukusinda. Le ndawo yaziwa njengezibuko labaqhweshi, ngoko ke izabatha zamapolisa azinganganto.** Andiwazi nalo mzabalazo wenu ukuba usingise phi na. Yiyo loo nto mna ndithe ndakudla umhlala phantsi ndangumzingeli weenyamakazi, ngowona mzabalazo wam ke lowo, ukuba ndihluthe apha esiswini. Ubupolisa abuzange bundenzele nto, ngaphandle kokundenza utshaba lwabantu. Lo mfo wasuka wathetha okomntu odliwa sisithukuthezi, kuba yonke le ntshwaqane yakhe yayingazi kundenzela nto ngaphandle kokuba yayizama ukundithibaza kwinto endandizimisele kuyo. Ndibuze ngobungxamo.

Ndingenza njani ukuze nditsibe imida?'

11.1 Xela ukuba ithetha ukuthini ngokwebali kumzingeli nakuMfazwe intetho ethi, 'Inengozi ke le ndawo'. (2)

11.2 Xela ukuba ubukhalipha bukaMfazwe buhambelana njani nesihloko sesahluko esithi 'Ukhozi olumaphiko'. (2)

11.3 Chaza ithamsanqa eliziswe kukuhlangana kukaMfazwe nomzingeli ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (2)

11.4 Chaza ukuba amapolisa alukhulise njani unxunguphalo kule noveli. (2)

11.5 Tyhila isigqebelo esikwintetho yomzingeli engezantsi ngokwale noveli,

'…, kodwa ke ukuba uva ngam amakhalipha afa kuqala emfazweni.' (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


11.6 Xela ukuba libengumqondiso wantoni ixhala likaMfazwe akuba encokole nomzingeli.Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

Ithe seyigqithile le ntokazi kum, yajika ndamva umfana xa ekukhalazela oko, ethetha isiXhosa. Ijike yaza kuma phambi kwam ayagqitha. Ndaphakamisa intloko ndisiba mhlawumbi ngumntu oxakwe yinto.
YayinguCikizwa! Andiphinda laa mehlo ukundibamba ngomnatha, sajongana ixesha elide, kwada kwangenelela unyana wakhe ngokumtsala-tsala.
'Ngunyana kabani na lo mhle kangaka?' Ndibuza kuCikizwa sekukudala sihleli phantsi egumbini lokutyela kwalapha esikhululweni seenqwelo-moya. Ngaxeshanye ndifunqule le kwekwe yasuka yathandeka, ndiyibeka phezu kwalo mlenze ungaqhwaleliyo.
'Ngunyana wakho!' Izinto ezothusayo zingabe ziphinda ziphele na kakade?
'Hayi wena Cikizwa khawuthethe inyani. Phofu ukuba akufuni kuxela, kakade ibingeyondawo yam leyo, kodwa ke unonyana omhle gqitha.' Ndatsho ndirhwaqela ndisoyikela ukuthi kanti ndonile.
**'Xa umjongile wena ufana nabani? Khangela olu siba lusebunzi, ngumfanekiso wakho nangalaa mehlo alaqazayo.** UZubuye lo ngunyana wakho, Nako ke nangoku ubuyile.' Amehlo am ayesathe ntshoo emfaneni, engakwazi ukusuka. UCikizwa wathetha ngokukhawuleza.
Kuyacaca iileta zikanina noninakhulu akukazifundi. UNokuzola wamfumana lo mntwana ukusweleka kwakhe. Kwakufanele ukuba wayengazanga aphile naye, kodwa uThixo akavuma, lwasinda lona usana. 'Ukuba ube lapha yimisebenzi kamfundisi uHlathi nenkosikazi yakhe. Sendingenelele ke nam njengonina.'
Ndiphazanyiswe kwingcinga neziqhwaywe nguZubuye kukufika konyana kaMeva Douglas, ndabe sendisithi makusongwe impahla.

11.7 Ngeengongoma eziMBINI kwisicatshulwa ngqina ukuba uMfazwe watsaleka yi 'kwekwe' eyayihamba noCikizwa. (2)

11.8 Khetha kwizibiyeli injongo yokusetyenzisa kwabalinganiswa njengejelo lokubalisa kwesi sicatshulwa. (Kukubazoba mayana abalinganiswa abathethayo/kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo.) Xhasa impendulo yakho. (3)

11.9 Susela kwintetho ebhalwe ngqindilili ube nguMfazwe ubhale iingongoma eziMBINI apho uphalazela uNokuzola imbilini yakho ngalo mntwana. (2)

11.10 Chaza isimo sikaNokuzola abekade engasazi uMfazwe, esivela kule ngxoxo ikwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Ucinga ukuba le ncwadi ingazivuselela izazela zobuthandazwe kubantu beli loMzantsi Afrika? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.12 Ngqina ukuba ubugorha bukaMfazwe bukhokelele kwisiphelo esiyolisayo sale noveli. (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina uluvo lokuba umthandazo unamandla okoyisa ububi kwintsomi kaDeli noDeliwe kananjalo ubuthandazwe bunamandla kunengcinezelo ngokubhekiselele kwisibongo esithi, 'NguRhulumente wethu lo'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI YEENYAMAKAZANA**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, yaziinyamakazana zonke, zalima intsimi zemka zaya kuzingela. Zabuya zayihlakuhlakula. Zemka zaya kuzingela kwakhona. Zabuya zisiya kuhlola. Zathi zisekude zabona umsi omkhulu phakathi entsimini. Zahlala phantsi zacinga icebo zaza zagqiba ukuba uMvundla uye kujonga ukuba ngubani lo usentsimini yazo. Uhambile uMvundla ngokuzithemba waza wakhwaza wathi: 'Ungubani na wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke; zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?' Livakele ilizwi lisithi, 'Ndim uMaginy 'iinyathi neempondo ndingasuka nawe Mvundlazana ndikuginye ndingakuhlafunanga.' Wagqotsa kwa oko uMvundla.
Zathi iinyamakazi makukhe kuye uMfene. Naye ufike wamemeza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?' '**Ndim uMaginy' iinyathi neempondo, ndingakuginya ngoku.**' Yagqotsa imfene ukubuyela emva.
Zamana ukuya nganye-nganye zibuye, kwada kwacaca ukuba kushiyeke uFudwazana yedwa. Kwathiwa makukhe kuye yena zabe ezinye zinqanda zisithi kungathi koyiswe zona kobekaphi kooFudwazana abancinci. Wabonakala ezwabuluka ngokuzola zabe ezinye zimsizela zimbuza ukuba uyaphi na kodwa eza kuzenzakalisa nje.
UFudwazana zange amamele warhoqoza wenjenjeya ukuya kuzikhangelela le nto isentsimini yabo. Naye njengezinye wakhwaza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima zayihlakuhlakula zaya kuzingela?' Yaphendula njengesiqhelo yathi, 'Ndingumaginy'iinyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.' Warhoqoza uFudwazana wabheka phambili ezama ukusondela kanye kule nto. Wathi akuyibona izojela umbona waphinda wakhwaza njengakuqala. Yathi xa iqala ukuphendula njengesiqhelo wakhwela kuyo uFudwazana wayikhama. Kwajijiswana kwayiloo nto wabe uFudwazana engayiyekanga. Yada yafa waba ke uFudwazana uyigqibile edelekile enjalo. Wathi akubona ukuba uyigqibile waza wacula ingoma yakhe wathi:
'Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Yizani nonke nize kubona isimanga!'

Downloaded from Stanmorephysics.com


Zabuzana iinyamakazana ukuba uthini na uFudwazana. Zathi ezivileyo uthi ulubulele utshaba. Yekoko ukubaleka zisiya entsimini. Zafika zambulela ngobugorha abubonakalisileyo. Zamncoma zimtyibela ukumthutha oku kuba uzihlangule iinyamakazana. Ukusukela ngaloo mini wahlonipheka uFudwazana naye phakathi kwezinye izilwanyana kuba yena zange asebenzise zigalo kuba emncinci wasebenzisa ingqondo kuba wasuka wakhwela kulo utshaba walukhama lwafa. Zambamba izandla zimvuma ukuba ube ngoyena unengqondo kunazo zonke, zatsho zilivuma elithi. 'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga.' Phela-phela ngantsomi.

13.1 Nika isizathu sokuba uMvundla, uFudwazana, uMfene bengathiywanga magama, bebizwa ngeendidi zezilwanyana abazizo. (2)

13.2 Chaza ukuba intetho ebhalwe ngqindilili ilukhulise njani unxunguphalo kule ntsomi. (2)

13.3 Susela kwisiqwengana esinomgca ngaphantsi ubhale iingongoma eziMBINI ezigqogqa iindlebe zezilwanyana ezinqanda uFudwazana. (2)

13.4 Xela ukuba ingoma kaFudwazana yabangumqondiso wantoni kule ntsomi. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.5 Cacisa ukuba ukoyisa kukaFudwazana kuyitshintshe njani intlalo yakhe nezinye izilwanyana. (2)

13.6 Ucinga ukuba le ntsomi ingabafundisa abantu ukuba bazithembe bangazoyikiseli ebomini? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.7 Ngqina ukuba ubugorha bukaFudwazana bukhokelele kwisiphelo esiyolisayo sale ntsomi. (3)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA H**

**A! ZILIMBOLA! – ISIBONGO SENKOSI – M Mbambo**

------------------------------------------------------------
Tshotsho unxonxothele emfundweni ukuz' ubone.
Sikruqukile ziimfam' ezirhuqwa nasemini.
Nkunz' ezagweba ngomthetho enkundleni;
Emadodeni iyawasakaza kangaka;
Kwabasetyhini' ibetha ngoyaba;
Kumlisela nomthinjana yalath' encwadini;
Mhla ngentonjana itshila ngesidanga.
Umponga-mponga weNkosi kumaCiskei;
**Umth' omde** ovelel' iintaba zaseGwali;
Nguphuncuka bemphethe ingxaki yenkosi
Intyulubi kwakuphath' umthetho enkundleni;
Inkxentsi kwakuthethwa ngesiXhosa.
Ngumahomba ngomnweba wezingwe mhla ngesisusa.
Hlabelani igwatyu mabandl' aseGwali
Ukuze nilil' intephelayo maXhosa ngoMqhayi.
X' ekho uSogwali kaNtaba uMqhayi uyaphila.
A! Zilimbola!

13.8 Phawula ngendima edlalwe yimfundo kulawulo lukaZilimbola. (2)

13.9 Uthetha ngabani umqolo wesi-2? (2)

13.10 Chaza okuphuhliswa sisikweko 'Nkunz' kumqolo wesi-3 (2)

13.11 Cacisa umqolo obhalwe ngqindilili. (2)

13.12 Chaza imvakalelo yembongi kwesi sibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

'Umntwana bantwana bam ongenantlonelo kumzali wakhe imihla yakhe mifutshane phantsi kwelanga.'

Hlalutya uluvo lukaMfundisi olungentla ngokwehle kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UNOMAMPONDOMISE: | Kowu bhuti Gugulethu Rhadebe, le nto akukayiyeki nangoku? Kodwa sisizungu sani esi undimele ngaso? Uza kundenzela amashwa ngale nto. Uza kubanga ukuba ndingatyi kutya kuhlayo, ndingalali buthongo buhlayo yiyo yonke le nto. |
| UGUGULETHU: | Wena Jola uthi 'ndiza'. Mna *akuhli ngoku ukutya* endikutyayo. Andithethi ke bona ubuthongo, ndithi ndakucinga *ngawe bumke bonke*, ngoku into eseleyo ngamashwa ukuba abe phezu kwam ngenxa yakho; kuba NomaMpondomise, qonda kakuhle Jola, ngenxa yothando le nto ingumntu iyajika ibe yinto ebingeyiyo ekuzalweni, okanye ibe yinto ebingadalelwanga yona nguThixo. **Ngenxa yothando umntu uba ngumbulali ngoku ebengadalelwanga kubulala.** |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| |
|---|
| **Ngenxa yothando umntu uba ngugqobha ogqobha onke la mankazana eli lizwe**. Yintoni unobangela? Intliziyo ayivumi ukwanela kuba kukho lowa mntu unguyena-yena ebesenyongweni. Ngoku seleyinto ehamba isenza nje phantsi kwegama lokuba iyazixolisa. **Ngenxa yothando umntu uzibona selenxila ebengakhange wadalelwa bunxila, umve esithi ucima iintsizi, uyazithuthuzela.** Ngani ukuba uzinyulele ixelegu elibutywala ekucimeni iintsizi nasekuzithuthuzeleni? Kaloku oyena mthuthuzeli wenene ngulowo usuke wakhwez'amathambeka. NomaMpondomise Jola, Ndive xa ndithi kuwe andityi kutya kuhlayo nguwe, andilali buthongo buhlayo ngenxa yakho. Ngoku ndiyakucela, nqanda nali ilifu lelishwa, lokuba yinto endingadalelwanga yona, ilenga-lenga phezu kwam. |

15.1 Xela ngeengongoma eziNTATHU amashwa awafumeneyo uNomaMpondomise emva kokuzinyebelela ngawo kwisicatshulwa. (3)

15.2 Khetha ingxaki ede yabe yehlele uGugulethu kwezi zibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. Xhasa ngesiganeko esisencwadini. (2)

15.3 Caphula iintetha eziMBINI ezingqina ukuba zozibini izithethi uthando lwazo aluzonwabisanga. (2)

15.4 Ineempawu zoluphi udidi lwempixano le ngxoxo ikwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.5 Xela inqanaba lesakhiwo ecatshulwe kulo le ngxoxo yothando ekucaca ukuba luza kuba ngunobangela weengxaki kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.6 Xhasa uluvo lokuba uthando uGugulethu alucenga kuNomaMpondomise lumkhokelele kwisiwo sakhe. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

***(UZWILAKHE, uMTHETHO, uNYANISO, uZWENI, namanye amaHLUBI baxoxa ngokuya kucelela uGUGULETHU.)***

| | |
|---|---|
| UNYANISO: | Mawethu, njengoko besihlangene apha kwamfo wethu kuMgqibelo ophelileyo sifikelele kwisigqibo sokuba umfana kufuneka ezeke intombi kaMcothama. Into esingayo ke namhlanje yeyokuba sinyule amadoda asisele umkhonto; ke andiboni mfuneko yangxoxo ngaphandle kokuba sinyule loo madoda. |
| UMTHETHO: | Phambi kokuba siqhube mawethu ndithanda ukukhe ndazi ukuba ngaba umfana ukhe wadibana na nentombi? |
| UZWILAKHE: | Andazi Rhadebe andikhange ndimbuze. |
| UNYANISO: | Noko ngekhe abuzwe, loo ndawo ndicinga ukuba ibalulekile kakhulu. Zweni Rhadebe khawusibizele umfana eze apha. *(UZWENI ufika uGUGULETHU engqengqile)* |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| UZWENI: | Gugu! Gugu! Khawuvuke Hlubi. |
| UGUGULETHU: | Thetha bawokazi ndimamele. *(Akamjonganga)* |
| UZWENI: | Uyabizwa, khawuze Hlubi |
| UGUGULETHU: | Uxolo bawokazi, andizi. |
| UZWENI: | Kutheni na nyana ngathi akuphilanga nje? |
| UGUGULETHU: | Andinawo nowempumlo bawokazi. |
| UZWENI: | Phofu kwenzekeni ngathi usethunzini nje? |
| UGUGULETHU: | Kwelisithoko-thoko lona ithunzi bawokazi, kwaye alikho ithemba lokuba ndoza ndibuye ndibe sekukhanyeni. |
| UZWENI: | Kubangwe yini na oko mfo wam? |
| UGUGULETHU: | Buzani kubawo. |
| UZWENI: | Khawuze ke Mthi, sinombuzo kuwe. |
| UGUGULETHU: | Buzani kubawo. |
| UZWENI: | Uyeza na Rhadebe? |
| UGUGULETHU: | Andizi bawokazi. |
| UZWENI: | **Inene inkulu le nto, yaye iyaya apho iya khona ndifung'amaHlubi.** *(Uyaphuma)* |
| UMTHETHO: | Uphi na umfana Yihlo wangena wedwa? |
| UZWENI: | Madoda ndingxamele ukuyoyika ngoku le nto. Umfana ndimbizile, uthi akezi. Ndithi ndakuthi sinombuzo kuye athi masibuze kuyise. |

15.7 Xela umba wesimo sentlalo ovela kwingxoxo ezikwisicatshulwa zokucelela uGugulethu. (2)

15.8 Khankanya iingxaki zibeMBINI ezivelele umzi wamaHlubi ngenxa yesigqibo athetha ngaso uNyaniso kwisicatshulwa. (2)

15.9 Ngqina ukuba uZweni noNyaniso bamele iimbono ezahlukileyo ngokwakule drama. (2)

15.10 Nika uluvo lwakho ngendlela amphendula ngayo uGugulethu uZweni. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.11 Cacisa ukuba aluphuphelo njani amazwi kaZweni abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

15.12 Bonisa ukuhambelana kwentetho kaZweni ekrwelelwe umgca ngaphantsi kunye nomxholo wale drama. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

'Inene lo mhlaba uyahlaba.'

Hlalutya uluvo lukaSiphokazi olungentla, ngokwehle kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Inceba ayikho kweli hlabathi, ndincamile namhlanje. |
| SIQHIWU: | ***It's the survival of the fittest; the elimination of the weakest; the law of the* jungle.** |
| SIPHOKAZI: | Umama uyakothuka ajube zezi ndaba. Kaloku sithi xa simana ukulala ngamanzi kweli khaya, umama asithuthuzele ngelithi akusekudala ndiphangele. |
| SIQHIWU: | Sukuba ezikhanda ngenyhek'etyeni nje. |
| SIPHOKAZI: | Xa ke ngoku imeko ikekele ngolu hlobo, ngubani onokuhlalela ukubambelela ethembeni elingekhoyo ngolu hlobo? |
| SIQHIWU: | Mna ke ndisuke ndacinga ukuba kubhetele nokuya kukhuthuza xa kunje. |
| SIPHOKAZI: | Ungakhe uyenze loo nto Siqhiwu. Kungcono ukulala ngesisu esigunkcuza amanzi kunokulala uhluthi iinyembezi zamaxhego namaxhegokazi angathathi ntweni nawo ngokwawo. |
| SIQHIWU: | Ingathi ndiyambona nangoku umama. Ephatha kuthwalela abantu imithwalo yabo edolophini. Ephatha kuthengisa neebhotile. Maxa wambi de athengise namathambo la embala. Ndibala ntoni na? Ezama ukufundisa mna lo. |
| SIPHOKAZI: | Ungazidubi kakhul'umphefumlo Siqhiwu. |
| SIQHIWU: | Wayecinga ukuba wovuzwa ndakuphumelela ibanga leshumi. |
| SIPHOKAZI: | Awunakuxelela mna ngehambonzima yekhaya lakho. Kaloku Siqhiwu indlela esifunde ngayo sobabini ifana nqwa. Ulibele na ngoku? |
| SIQHIWU: | Ndisuka ndiphelelwe ngamandla nangoku ndakucinga ukuba oomama bathe banyanzeleka ukuba baphindele kobuya buxelegu bokuthwala laa mithwalo kulaa nto yala renki, kodwa thina sikho apha. Basifundisile ke abo bantu … |
| SIPHOKAZI: | Kaloku ndisakhumbula kakuhle ukuba mna nawe saqala ukuva kwaizihlangu kwezi nyawo zethu mhla saya esinaleni. |

17.1 Nika iimeko ezikule drama zibeNTATHU onokuxhasa ngazo amazwi kaSiqhiwu abhalwe ngqindilili. (3)

17.2 Xela ukuba uSiqhiwu ude wakhuthuza na. Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.3 Caphula iintetha eziMBINI ezingqina ukuba uSiqhiwu noSiphokazi ayibonwabisanga imeko yamakhaya abo. (2)

17.4 Xela udidi lwempixano ekule drama oluyityhilayo intetho kaSiqhiwu ebhalwe ngqindilili. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.5 Xela inqanaba lesakhiwo sebali ecatshulwe kulo ingxoxo yengqesho ekucaca ukuba iza kuba ngunobangela wokruthakruthwano kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.6 Xhasa uluvo lokuba ingxaki yengqesho ekwisicatshulwa ikhokelele kwisiwo sikaMaqhikizane (2)

**ISICATSHULWA L**

*(Kukusasa ezilalini, kungena uNoziphongo, uPixie, uMamQhinebe kunye noMaGatyeni emzini kaNoziphongo.)*

NOZIPHONGO: Pixie, uncede sisi ungamshiyi yedwa umntwana lo. Ndiza kubuya ngoku. Ndisaya apha ngentla.

PIXIE: Kulungile sisi.

NOZIPHONGO: *(Aphume, ehamba ethetha yedwa.)* **Loo nto ndinalo mbilini undithe mbende oko kusile namhlanje. Kusuke kwangathi ndiza kuva into embi.** Kuza kufuneka khe ndiye kufowunela uMakwedini khe ndive ukuba uphilile na yena, kungathi kanti ezi ndaba zingaye. Hayi suka! Mandingavumeli usathana adlale ngam. Yintoni enokwehlela uMakwedini esemsebenzini nje? Loo nto ndifuna ade afike khendibone ukuba uza kuthini na xa ebona unyana wakhe. *(Aphume. Kungena uMaGatyeni noMamQhinebe benxibe iimpahla zokonga.)*

PIXIE: Tyhini! Ndabona abantu sele bengaphakathi, bengankqonkqozanga?

MAMQHINEBE: Singabongikazi, njengoko nawe usibona. Sicela uxolo ngokungankqonkqozi, sibhidwe kukungxama.

PIXIE: Nifun'usisi?

MAMQHINEBE: Ewe. Ukho?

PIXIE: Usandul' ukuhamba ngoku. Ubesithi usaya kule lali ingentla.

MAMQHINEBE: Phofu asifuni yena wena enyanisweni. Thina siphuma aph' eklinikhi. Sithunywe ngugqirha ofikileyo phaya ukuba size kulanda olu sana.

PIXIE: Niza kuthini ke ngoku,njengokuba usisi engekho nje? Niza kumlinda?

MAMQHINEBE: Asizi kumlinda usisi.La gqirha akahlali ekho, ibe lincinci kakhulu ixesha aza kulithatha apha. *Siza kuhamba nalo usana olu*.

PIXIE: <u>Ayinokulunga loo nto nesi</u>. Usisi angandingxolisa xa ndinokunikisa ngosana lwakhe ...

17.7 Xela umba wesimo sentlalo ovela kwizalathisi zeqonga ezisekuqaleni kwisicatshulwa. (2)

17.8 Khankanya zibeMBINI iingxaki ezivelele umzi kaNoziphongo ngenxa yelinge likaMamQhinebe noMaGatyeni lokususa indlala. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.9 Ngqina ukuba uSiqhiwu noMamQhinebe bamele amacala amabini ngokwezimvo kule drama. (2)

17.10 Nika uluvo lwakho ngendlela uMamQhinebe aqhuba ngayo incoko yakhe noPixie kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.11 Cacisa ukuba aluphuphelo njani amazwi kaNoziphongo abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

17.12 Bonisa ukuhambelana kweenjongo zikaMamQhinebe zokuba usana kunye nomxholo wale drama. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE' – SEK Mqhayi**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-31 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

- **Ufinyisa amagruxu** – Ngokwentsingiselo ngcalo, eli binzana linamagama ababini, 'ufinyisa' othetha ukusula imifinya, no 'amagruxu' obhekisa kubantu abangahoyekanga. Kulo mbongo lisetyenziswe njengesibizi oku ngathi ligama lakhe uCharlotte. Ngokwemo yesigama libhekisa kwinto ayenza rhoqo, angayiyekiyo okanye awaziwa ngayo. Ubesaziwa ngokwenza abantu abajongeleke phantsi bajongeke ebanika uncedo olufanelekileyo ukuze babeyinxalenye yabantu kungasekho ongafuni kusondela. Ngamanye amazwi ubengumntu ongenamkhethe umama uCharlotte.
- U- **'ushenxil'okad'esakhumzi'** Ukushenxa ligama elithetha ukusuka nje kancinci nangona lingaqulathanga galelo nje kodwa libalulekile kumagama elihamba nawo. **'okad'esakh'umzi'**. Ukwakha umzi kukudala umanyano/ kukwenza abantu bakhuseleke/ okanye babenendawo yokhuselo. Imisebenzi yokwakha umzi mininzi iquka ukulamla xa kungaqondwana, anike ulwazi angathi xa kungavisiswana engeze ingxaki. UMfikazi waziwa ngokuba yinto yakhe ukuhlanganisa imihlambi eyalanayo nanjengoko ebethi ekubaTshwana abe ekuBathembu, eze nezitena eziyimfundo angazenzi ngcono ngayo kubantu bakhe koko ebanceda.
- **Egutyula iirhanga namanxila'** – Ukugutyula kukususa ukungcola ucocisise ukususe sekupakile ungakoyiki. Iirhanga ziindawo ezinezindlu apho kukho abantu abahlala khona. Ezinye iirhanga ziyaphumela ezinye aziphumeli yenze ke loo nto ibe sisigqubu samanxila, amanye angasahlali komawabo ngenxa yomkhwa wokusela angabi namida. UMfikazi waziwa ngokucoca ezo rhanga zibe sesimeni esijongekayo achole nalo manxila awancede de amanye awoyise umkhwa agoduke abuyele nasesimeni esihle.
- **Ukugodus' amahilihili agoduke** – Ukugodusa kukwenza umntu aye kowabo ngokumsa okanye abone kufanele ukuba aye kowabo. Ukuthi, 'agoduke' kuthetha ukuba ade abe afikile emakhaya. Kaloku nabani angagoduswa kanti uthe jike nje ekoneni waphinda wahlala**.** Ukusebenzisa ezi mo zala magama ukugodusa…agoduke kukutyhila ukwenzeka ngempumelelo komsebenzi wokwenza abantu bagoduke. Ngoncedo lukaMfikazi amahilihili amaninzi atsho agoduka abuyela kwiintsapho zawo.
- **Kubuy'amadungudwan'emazweni**– Amadungudwane ngabantu abahamba into abangayaziyo. Oosihamba nje okanye abantu abasebalincama ikhaya basemazweni. Eli binzana lihlomeleka okanye lakhekha phezu kwelingaphambili elithetha ngokugodusa. Abo bantu bebengasaboni sizathu sakugoduka, waze ngemitsi yakhe lo kaMaxeke waliphumelela idabi lokwenza balazi ikhaya.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- **Itye lesiseko**– 'Itye' lilitye ngokushunqulelwa kuba imbongi inalo elo gunya lokubuyisela nangundileyo amagama. Liqulethe intsingiselo yokomelela nokuba linomsebenzi wokuba sisiseko sendlu. Lisetyenziswa lasisikweko esityhila igalelo likaMfikazi njengomseki wecawa yaseTopiya, nalapho ebengomnye woopresidanti bokuqala bamanina aseTopiya.
- **'igqibil' intomb' … 'igqibil' intomb –** igama 'igqibile' libhekisa kwinto ephelileyo nepheleleyo. Xa ubani esebenzile waze wasweleka nokuba abafelweyo abanelisekanga kangakanani, lisetyenziselwa ukubopha usapho ngelithi abewunikwe ngentla umsebenzi uwenze wonke waphelelisa. Kufuneka thina silungise imimoya sijonge emva ukuba kanti wenze ntoni nantoni. Kuyanceda oko kuzithuthuzela ngokwakho. Luphindaphindo oluphehlelela ukuba umsebenzi ebewuthunyiwe uwufezile kuba uwenze ngengqibelelo. Ngokunjalo negama 'ntombi' esiXhoseni linomsebenzi wokudala ithoni yokuncoma. Uyanconywa ke uMfikazi uCharlotte ngomsebenzi omhle obukekayo awenzileyo.
- Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni- umXhosa xa ethi umfazi wamathile ubhekisa kumntu oye wakhonza ngempumelelo kuloo mzi. Kunika inxaxheba yokuba ngumzekelo womntu owende akabuya wade walishiya eli esesemaNywabeni.
- **Ukubek'iinyawo–** Kukufikelela ngokuya endaweni, KwelabaTshwana, kusapho lukwaKhama, nolwabakwaRolweni- Kubonisa indlela abezixabise ngayo iinkosi nawayemana ezityelela ukuncedisa ekwakheni isizwe.
- **Ukubek'amabele** – Amabele ngamalungu omzimba afumaneka kubantu nakwizilwanyana ezizodwa ezinamandla okufumana abantwana. Zondla ngawo abantwana. Ukusukela apho nantoni umntu angakhange abe namona ngayo wabanika abanye abantu nokuba lulwazi kuthiwa uyancancisa. KuMfikazi amabele ziimfundiso zakhe azinike abantu engajonganga nzuzo. Ukuncancisa kuquka nomsebenzi wakhe wobutitshala, ukuhlala ezinkundleni enceda etolika nokutolika.
- **'Maz'emabele made' –** Imazi ngumntu okanye isisilwanyana esineempawu zokukwazi ukufumana abantwana. Xa kuthiwa amabele made kuthethwa ukuba ebefikelela encancisa konke okuseAfrika. Nalapha ufaniswa ngokungangqalanga nemazi encancise nabantwana abangengobayo. Kusetyenziswe isikweko esidiza ukuba ebengeyonzuzo eMzantsi Afrika kuphela koko neAfrika izuzile.
- **Uphinda phindo oluthe ngqo 'az'angaz'alityalwe:** kukuthi mayihlale ikhumbuleka imisebenzi yakhe, ihlale ikhumbuza ivuselela izazela ukuze abantu nokuba bebesanqena kangakanani babe nomona wokuba kungabikho mlandeli ezinyaweni zakhe ngale misebenzi mihle kangakanana. Amakhosikazi mawaphathelele angazisizeli. Kaloku xa besekho abenza njengaye akufanga mntu akayi kulibaleka.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'IIMBONGI' – ZS Qangule**

2.1 Ziinkedama √/ ngamagqirha√/namanxila.√
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

2.2 Lo mqolo uthetha ukuba isenzo seembongi sokuthetha izinto ezifihliweyo nezingekenzeki zizenza ukuba zibonwe njengamagqirha.√√/Iththa phandle √√/ Iththa ukuba imbongi iththa yonke into eyaziyo njengamagqirha. √√ (2)

2.3 Sidalwe ngemvano siphelo√√/ yesonethi kaShakespear engu aabb ccdd, eeff no gg√√/Sidalwe ngamagama amathathu kumqolo ngamnye.√√ (2)

2.4 Isikweko sisiqaqambisa ngokufanisa izimvo zeembongi ezingapheliyo nezixananazileyo neengxangxasi√√, Isikweko sisiqaqambisa ngokudala umfanekiso ngqondweni weliso weengxangxasi ukuzoba ukuphokoka kweengcamango kwingqondo zeembongi.√√/ Isikweko sisiqaqambisa ngokudala umfanekiso ngqondweni wendlebe wesandi seengxangxasi ukuzoba ukuphokoka kweengcamango. √√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.5 Ngowokuba mawuxatyiswe umsebenzi weembongi kuba unobunzima.√√/ Mazithathelwe ingqalelo iingcebiso nezimvo zembongi kuba zifuthelwe ngamava. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'INYIBIBA' – JJR Jolobe**

3.1 Ndayibona izifihla√/Njengetshawekazi.√/ Yayiphakamisa leyo ntloko.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

3.2 Yeyokuba ayemahle, ebengezela, engabonakalisi siphako kwaye ondlekile.√√ (2)

3.3 Sidalwe ngemiqolo emihlanu kwisitanza ngasinye.√√ (2)

3.4 Isikweko sibuqaqambisa ubuhle benyibiba ngokuyifanisa nenzwakazi.√√ Isikweko sibuqaqambisa ngokudala umfanekiso ngqondweni weliso wenzwakazi yona yaziwa ngobuhle obuqaqambileyo ukuzoba ubuhle benyibiba.√√
( Nayiphi na kwezi) (2)

3.5 Ngowokuba abantu mababuqwalasele ubuhle benyibiba obungaqhelekanga njengentyatyambo entle enobuhle.√√/Abantu mabazivule iintliziyo bazithande izityalo.√√/ Abantu mabakuthathele ingqalelo ukuba induku entle igawulwa ezizweni.√√/Mabangakhangeli kwiindawo ezintle kuphela xa befuna izinto ezintle zingafumaneka nakwiindawo ezizizixhobo nemiqwebedu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'A! NGANGOMHLABA' – SEK Mqhayi**

4.1 Nopanyaza√/ inkosi yakwaGompo√/ Nosikakana√/ inkosi yaphezu kweTole√ (2)

4.2 Yintsingiselo yokuba wakhathazeka okaLuzipho.√√ (2)

4.3 Sidalwe ngemvanosiqalo yesandi u'kwa'√√/ Ngokuphindaphinda isandi u'kwa' ekuqaleni komqolo ngamye kwekhankanyiweyo.√√/Ngokusebenzisa isimeli nobumba ukuze kushiyeleleke izandi ezithile ngokufanayo kulaa miqolo√√/ Ukugqibela umqolo ngophawu lobhalo olufanayo- isinqumami-singxi / semikholoni, kudala isingqisho xa ofundayo enqumama ngokufanayo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.4 Isikweko siyiqaqambisa ngokuyifanisa nemfazwe intlanganiso.√√ Siyiqaqambisa ngokudala imifanekiso ngqondweni, owevumba, owendlebe, oweliso echukumisa iimvakalelo zemfazwe kwabafunda umbongo.√√/ Siyiqaqambisa ngokudala umfanekiso ntelekelelo wemvisiswano engekhoyo ngokukhankanya izikhali ezinobungozi ezisetyenziswa emfazweni nezandi zazo.√√/ Siyiqaqambisa ngemiqondiso yobubi, irhuluwa nobumnyama kutsho kuvele ubumfazwe kule ntlanganiso. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 Ngowokuba mayihlale iqwalaselwe imbali yobukhosi esizweni.√√ Ngowokuba kuqondwe ukuba uxolo luyalubuyisela ucwangco xa kulungiswa obekonakele√√/ Mazilunyukelwe iimpazamo kuba zingenza ingxaki enkulu engalamlekiyo√√/ Mababokungenelela ngendlela abangeneleli kwingxaki ukuze izinto zibuyele kwindawo yazo kwakulunga√√/ Mayiqondwe inyaniso yokuba inkosi yamaGcaleka yinkosi eyayibalulekile kwiinkosi ezazikho.√√/ Mazithathelwe ingqalelo iikumkani.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UDABA LOBUSO' – JJR Jolobe**

5.1 Ungodaba lobuso oludiza /into ayiyo umntu / ukuba umntu uyindlamanzi.√√/ Ungendlamanzi ebonakala ngobuso obutyufutyufu√√/ ungeengozi zokusela utywala ude ubonakale nakuthathatha√√/ ungendima yenkosikazi kubomi bomyeni xa ethe kanti untywile kwiziyobisi.√√/ Ungobulali bomfikazi ebebubonakala kudaba lobuso bakhe.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

5.2 Igama yincwadi lithetha ukuba iyafundeka√ yiloo nto ngokwakulo mbongo umntu osela kakhulu ebonakala ebusweni √/Umntu osela ngokugqithisileyo ubonwa ngokufukuka kobuso√/Ngokwembongi isihange sibonakala ngamanxeba asebusweni kuba sisoloko sigaxeleka kwimilo apho kuhlatywana khona.√
(Nayiphi na impendulo kwezi) (2)

5.3 Ndiyangqina kuba ngokwalo mbongo ngabantu abangamanina abancwinayo bakuba belivile ilizwi londwendwe.√/Elinye inina laphuma layokuyala umyeni walo lakuba live ilizwi londwendwe esifihlweni.√ (2)

5.4 Kuba athi akuthethwa ayiguqula indoda yomfazana.√√ (2)

5.5 Imbongi iwabona amabhinqa njengabantu abalungileyo, abamamelisisayo, abanenkathalo nothando itsho ibe iveza icala elihle lodwa kuwo kanti kumadoda izoba icala elibi lokusela ngokungenakuzilawula lodwa.√√/Imbongi iwabona amadoda njengabantu abakwazi ukuguquka beguqulwa ngamanina.√√/ Imbongi idlelelela ngokwesini kuba iwabonisa elungile amabhinqa ze amadoda iwabonise esenza izinto ezimbi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Le noveli ivula ngesenzo esihlasimlisa umzimba sokubulawa kukaMsindisi onguSomashishini kwidolophana yaseGcuwa. Esi senzo sishukumisa iziseko zomthetho kweli laseGcuwa kuba ngoko nangoko kunikwa ipolisa elinguMapheza umsebenzi wokuphanda abambe abenzi besi senzo simasikizi.
- UMfezeko Mapheza utsho abe ngumlinganiswa ongumphandi omele umthetho kweli bali. Usukuzana noMfuneko okwalipolisa oneqela lakhe elisongele ukwaphula umthetho kuba lifuna imali eninzi kuneyokuba lipolisa.
- Kwelinye icala, sibona uMfuneko eqhogene noThantaswa oyinkosikazi kaMsindisi bevuya kuba umsebenzi wokubulawa kukaMsindisi 'uqhutywe ngempumelelo' ngokwakubo. Ngoko nangoko singabafundi bencwadi sibone ukuba uMfuneko, olipolisa akafanelani nalo msebenzi wobupolisa, sitsho singakholelwa xa 'owomthetho esaphula kwa umthetho'.
- Xa siqwalasela ulwaphulo-mthetho olukule noveli lunkcenkceshelwa, lukhuliswe ngezenzo neempawu zokuxabisa imali ngaphezu kobomi bomntu- ukunyoluka ke ukutsho oko. UMfuneko olu nyoluko lwemali ulutshobela ngothando alunyengezela uThantaswa.
- Kwakhona, xa sijonga uMapheza ume ngomlenze owomeleleyo okukuthanda ubulungisa nokuxabisa intobeko kwanobuthandazwe.
- Wakuqwalasela ulwaphulomthetho nomthetho kule noveli, zombini zifuna ukomelela macalonke. Nanjengoko uMapheza kufuneka omelele kuba uMfuneko umbekela imiqobo ayiqabela sekunzima.
- Kanti ke uMfuneko akaphezi ubeka umqobo emva komnye. Kwaye kwelakhe icala uzama ukomelela asimelele ngoThantaswa, uNqoza, uMdlambila, uSiphongo njalo njalo abenzi bobubi abaquka nooSixaki abangoowabo kulwaphulomthetho.
- UMfuneko umombela imihadi uMapheza xa efuna ukuphumeza ulwaphulomthetho kodwa oyiswe nguMapheza. Kwimihadi amombela yona singabalula ukumtyhefa ethume uNqoza, ukumbekela izabatha, ukuxoka ngaye kwamanye amapolisa nakubaphathi bamapolisa njalo njalo. Kunjalo ubuxoki buyavela.
- UMfuneko ubeka uNqoza ongaqondiyo njengesiphazamiso kodwa uNqoza liphela ibali sele ekubonelele naye ukusetyenziswa nguMfuneko.
- UMfuneko kwiphulo lokulahla umkhondo wetyala uphazamisa iintetha neengxoxo ezingathi zingawusa ngakuThantaswa umkhondo kodwa uMapheza ugqibela ewufumene umkhondo. Mhla amapolisa afuna ukulisondeza kuThantaswa ityala UMfuneko ubasusa iingqondo kuThantaswa ngokuthi ababulali ngabantu abangathunywa mntu, abazizikrelemnqa ngendalo kwaye uMsindisi angathi kanti ubulewe kuba ebesala nemoto kwizikrelemnqa ezo. Kodwa akamyeki uMapheza naye umcacisela ukuba bebengekhe bayidlakaze imoto xa injongo ibingekokubulala kuphela. Umile uMapheza ekubeni lo mfazi uyarhaneleka ekufeni kwale ndoda yakhe. Iliwa libhek'umoya kuThantaswa noMfuneko.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- UMfuneko ufunza ngoSiphongo, olixhwele ukuba kutshiswe uMapheza kuba engakhange afe yityhefu abemgcayisele ngayo kodwa uphela esaziwa ngenxa yokuba uvuye ebonwa evuyela ukutsha kukaMapheza kanti akanyanisanga. Konke oko kutyhila amandla omthetho kuba ukubuya kwakhe ekuguleni uMapheza ulutshayele ulwaphulomthetho esipoliseni ngokuthi kugxothwe emsebenzini uMfuneko namahlakani akhe ngenxa yophando lukaMapheza.
- Ukuvel'etshona kukaMfuneko kusuka kwenze ukuba kunyenduke konke xa efunyaniswa ukuba nguye umqulunqi weyelenqe lokubulawa kukaMsindisi kude kuvele nokuba kanti nguye obesiba imipu yasesipoliseni ayithengise ngeenjongo zokongeza umrholo wakhe oshotayo. Uphela yena buqu ebulawa ngokungekho mthethweni ngugxa wakhe wolwaphulomthetho okwasisithandwa sakhe, uThantaswa lube ke ngoko luyatshayelwa ulwaphulomthetho xa abaqulunqi balo besifa kunye.

Ngeziga ezichazwe zanatyiswa ngentla kuselubala ukuba umthetho ubenobunganga kulwaphulomthetho ngokwale noveli.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Uthetha ukuba uMsindisi akamxolelanga ngokupheleleyo uThantaswa.√√ (2)

7.2 Kuhambelana kuba isihloko esithi, 'ukulila okwenkawu' sithetha ukulila ngeenjongo zokufuna ukusizelwa ngabazingeli√ nakwesi sicatshulwa uThantaswa ulila kuba efuna ukuyekwa ngabantu bomzi wakhe.√ (2)

7.3 Ifowuni esuka kuMzolisi idale ingxaki ngokunika uMsindisi imvume yokuba atshate isithembu kunye noSiziwe.√√/ Ifowuni idale ingxaki ngokuthi yenze uThantaswa afumane isizathu sokubulala uMsindisi. √√ (2)

7.4 Zilukhulisile unxunguphalo kuba ukufunda le ncwadi kwenza umdla umntu angakwazi ukuyibeka phantsi efuna ukuqonda ukuba kuza kwenzeka ni emva kokuba uMzolisi evumile√√/kuza kwenzeka ni akube uSiziwe evumile.√√/ Akuyazi uThantaswa ukuba uMsindisi ufuna isithembu.√√/Ukuxelelwa kukaThantaswa nguNozizwe ngeenjongo zikaMsindisi ngesithembu kwenze ukuba abalandeli bakaThantaswa bafune ukwazi okuza kuqhubeka ebalini√√/Ukuxelelwa kukaMfuneko nguThantaswa ngesithembu kwenzeke ukuba abalandeli nabachasi bakaMfuneko babe nomdla wokuza kwenzeka ebalini√√/ Ukuxelelwa kukaNonkanyiso nguThantaswa ngesiThembu kubangele ukuba abalandeli nabachasi bakaNonkanyiso babenomdla wokuza kwenzeka kweli bali.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.5 Isigqebelo sisekubeni ibe nguThantaswa okhalela uSathana ogush' izembe de amthandazele ekubeni ikwanguye ozenzo zinobuSathana ezama ukubulala uMsindisi√√/ Sisekubeni uThantaswa ethandazela uSathana kanti uSathana ikwanguye√√/ Sisekubeni le nto ayithandazelayo akathandazeli yona√√/Sisekubeni le nto ayifunayo ayihambelani neenjongo zakhe. √√/Sisekubeni uThantaswa akalandelwa nguSathana unguSathana yena buqu. √√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.6 Uvalo lukaNozizwe lubengumqondiso wokuba ikho into embi eza kwehlela uMsindisi√ waze nyhani wabulawa ngooSixaki kuhambo amkhumbuze ngalo.√ (2)

7.7 UMfuneko uxoka/uzimela ngoMapheza naxa esenza izenzo zobumpimpi nobusela uthi zenziwe nguMapheza √/uyamnyoka nokumnyoka kwabanye abasebenzi. √
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.8 Kukubazoba ngokumayana aba bathethayo uNqoza noZalala√ kuba uzobo mayana lwenzeka xa umlinganiswa echazwe ngokungangqalanga okanye ezipela engaqondi√/Kuba ukubanika abalinganiswa bazithethele kwenza abafundi bencwadi bazigqibele ngesimo sabalinganiswa abathethayo njengoZalala noNqoza√ nalapha siva oku bakuthethayo sitsho siqonde ukuba bangabalinganiswa abafunda kwakonakala. √

Kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo√kuba ukuzoba ngqo kukuchaza ngokungafihlakalanga isimo neempawu zesimo somlinganiswa√ nakwesi sicatshulwa sichazelwa umahluko phakathi kwempimpi enguMapheza nenguMnenga.√
(Nayiphi na impendulo exhaswe ngokuchanekileyo.) (3)

7.9 Wena Nqoza uvumela abantu benze unothanda ngawe bakusebenzise bakwenze ukhuni lokoja√/Ngoku uvumele uMfuneko ukuba adubule ngawe ukucima ityala lakhe alenzileyo√ Balumkele abantu Nqoza. Sowuvela kutyisa uMapheza iityhefu√/ umba esibhedlele umsa kwaSiphongo ukuba aye kufa. Wafumana ntoni ke?√/ Ngoku uyagxothwa emsebenzini√ Nqoza sihluze isigqibo osithathayo ngomntu kuba akangowakho. Zilumkele iinceba ezifunwa kuwe ngabantu kuba zingakweyelisela kokaThisayo.√
(Nasiphi na isibini esichanekileyo.) (2)

7.10 Sisimo sokuba unobungozi√ kuba uyabathelekisa oogxa bakhe ngokubanyoka√/uzimelisa izenzo zakhe ezingcolileyo ngamanye amapolisa√ /Sisimo sokuba akananyani √ kuba wamxelela izinto ezingezizo ngoMapheza efuna ukwenza uNqoza utshaba lukaMapheza. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo). (2)

7.11 Ingaluncothula kuba ibonisile ukuba amapolisa aphula umthetho ayohlwaywa ngumthetho√√/Ingaluncothula kuba izisa isifundo kumapolisa afana noMfuneko kunye noNqoza bazi ukuba xa uphazamisana nengalo yomthetho nokuba ulipolisa uyohlwaywa lutsho lujale nakwabo bebesalubukela ulwaphulomthetho kwinkonzo yesipolisa.√√

Ingangaluncothuli ulwaphulomthetho kuba amapolisa azizaphuli mthetho akhe axhamla ngezenzo zawo ezifana nokuthengisa imipu ukuthengisa amatyala nokugxagxamisa amanye amapolisa.√√/Abanye abafundi bencwadi bangafunda kuMfuneko iindlela zokuphucula amalinge okwenza umcuphi angaphumeleli kuphando lwakhe lutsho lomelel ulwaphulomthetho.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.12 Ukunyolukela kwakhe imali/ ubutyebi bukaMsindisi kukhokelele ekubeni enze intlekele ngokubulala uMfuneko naye azibulale akungabufumani ubutyebi. √√ (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**
Kusukuzana ubuKrestu obungaphakathi kuThole entliziyweni kunye nezinto zehlabathi Le noveli isebenzisa isazela sikaThole ukutyhila olu sukuzwano.

- Unozala wesazela sisifungo uThole awasithatha esemncinci mhla wabona umfundisi enqanda abantwana ababesilwa waze wanomnqweno ngaphakathi kuye angazange awulandele de wabe uyeka nesikolo.
- Sihlangana noThole xa siyivula le noveli, esukuzana nesenzo sokusela utywala engumntu onophawu lweNkosi. Ukusukuzana kuzibonakalisa ngokungahlalelani kotywala nengoma okanye nelizwi leNkosi. Kwinqwelomafutha utywala obebumele kumonwabisa busuka bumlilise atsho esikrakra de kuxhalabe wonke umntu osenqwelweni.
- Intetho zenkolo zikaThemba nangona zibonakalisa ukholo lwamanxila nje apho akhoyo esela uThole, ezifana noo'unako na ukuhamba emalahleni uze ungatshi' zibonakalisa amandla, ziyamgubhulula ngesazela anxunguphale ngakumbi uThole de alile abe yingxididi, 'ebhomboloza' enze isimbonono kanti kukukhonya kobuKrestu ngaphakathi kuye kusithi 'ndilapha'.
- Uyazisola abuqalekise utywala akhumbule kwala mazwi kaThemba angentla ebhayibhile kuba ukholo lobuKrestu luyahlabana nezenzo ezigwenxa. Kunjalo, uThole uthatha isigqibo sokuba angaphinde abuphathe utywala asilandele
- Iintshaba zenkolo yobuKrestu ziqaqambisa okungathi kuza kuba lulonwabo kuThole. Konke oko kungathi lulonwabo kusuka kujale nanjengoko engumntwana ochongiweyo. Isigqibo sokuthandana noNomsa ongakholwanga sichithwa yintshumayelo yomfo wakwaSigxabhayi kanye xa eza akungena kuloNomsa ehlangana nomfo wakwaSigxabhayi ocaphula kumazwi entshumayelo avusa isazela, amazwi athi, 'umntu unokuwuthatha na umlilo awuse esifubeni sakhe zingatshi na iingubo zakhe' kutsho kuthi rhiphu uvalo kuThole- uhlanga lobuKrestu luyavakalelwa luzithethelele.
- Xa eza kuhlangana noNomsa ukhumbula amazwi athi, 'umoya uvela ngaphambili' kanti nyhani uza kuhlangana noJoe neqela lakhe awave amandla omoya oza ngaphambili. Usindiswa ngumthandazo wakhe onyanisekileyo wesithembiso sokusebenzela inkosi uze umthandazo wakhe umsindise.
- Isenzo sokubethwa ngooJoe akasiqalekisi koko uthi 'yimisebenzi kaThixo umbuyisa kwiindlela zakhe ezitenxileyo'.
- Uthatha isigqibo sokugoduka ilishwa lethamsanqa, iitshomi, ooThemba bayavela imoto imse kumahlathi aseKnysna. Oku kugqityelwa kumbonisa iintlantsi, asinde ngezikaSibi kwiingonyama ezazilapho ziqwenga abahlobo bakhe ejongile. Intliziyo yekholwa ivelelwa kukutha.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Akuthatha inkolo yesiNtu ezenza igqirha, uva isifundo esingonyana wolahleko amazwi athi, 'goduka thengisa imfuyo yakho' ambinza ngokwekrele. Nolu lolunye uphawu lohlanga lobuKrestu. Kanti namaphupha endoda enesitshaba sameva amzingile. Utsho agqibe kwelokuba agoduke atsho enyukele amandla obuKrestu.
- Akuthatha isigqibo sokufunda uya eDikeni, afumane inxaxheba yokufunda elinye ibanga ngaphandle kwemali.
- Uzimisela enkonzweni-anikwe umsebenzi wokuqhuba inkonzo ngesiXhosa, uba nguSihlalo weSCA.
- Unikwa uxanduva lokwaba abafundi amabashumayele kwaneetitshala. Akushumayela wogqitha bonke abashumayeli.
- Ubekwa eGeorge Goch engumntu oshumayela kusiphuke izicithi kude kuvele uyise awahlukana naye emncinci. Ngeli ke ixesha iindlela ezingendawo sezincothulwe amazinyo.
- Uzazi zonke iinkolo, uyamenywa nakwezinye iinkolo ngabefundisi.
- Akwamkela ubizo, kwabonakala amandla omthandazo nobuKrestu kuba zonke izinto ezazisezisifa, zavuka ngaye, ngelizwi lakhe, inkonzo yaseGeorge Goch eyayingasahlaliwa mfundisi ife fi, ikhaya lakhe elalishiyeke lingenabani,
- Ukuvela kukayise owayeduke nezwe konke kwabuyelwa yimpilo akungqamanisa iinjongo zakhe zobomi nezenzo zakhe, nenkonzo yakowabo kuCentane ibekho ngobukho bakhe yagcwala ngamakholwa ngenxa yakhe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Sithetha ukuba unento ayifihlayo umqhubi angayithethiyo kuThole√√/ Sithetha ukuba umqhubi akafuni ukubuzwa ngesenzo sakhe. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.2 Kuhambelana ngokuba kwesi sahluko usinda kwiingonyama eziqwenge abahlobo bakhe√√/ Kuhambelana ngokuba uyise uFikizolo kwakumele kuvuyiswane naye nanjengoko wayesele wamncama unyana wakhe awayecinga ukuba sewafa emva kokuvakala kweendaba zokuqwengwa kukaThemba noSonwabo ziingonyama simva xa athi obefile uvukile.√√ (2)

9.3 OoThole bahlaselwa ziingonyama. √√/UThole waphulukana nabahlobo bakhe beqwengwa ziingonyama.√√ (2)

9.4 Kuba njengokuba ezenza igqirha akazokude akrotyelwe ukuba akalilo igqirha lokwenene. √√ (2)

9.5 Sisekubeni kuba iinjongo zikaThemba noSonwabo zokulahlekisa uThole zibajikele kuba zigqibele zifaka bona engxakini de babe baqwengwe ziingonyama√√/ Ingxaki ababefuna ukufaka kuyo uThole igqibele ifaka bona buqu.√√ (2)

9.6 Libengumqondiso wobubi abaza kugaxeleka kubo√ kuba kwathi kanti bonke baza kugagana nengozi de abanye baqwengwa ziingonyama nangona wasindayo uThole ekuqwengweni.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.7 Amarhamente abetha imali eninzi yokwakha icawa bengacengwa benganyanzeliswa. √ Babethembisa beyalana bekhumbuzana ngeCawa ezayo ukuba bakhumbule ukuza bezokubetha enye imali.√ (2)

9.8 Kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo√ kuba ukuzoba ngqo kukuchaza ngokungafihlakalanga isimo neempawu zesimo somlinganiswa√ nakwesi sicatshulwa sichazelwa iimpawu zomlinganiswa uThole neempawu zesimo sakhe ezimohlula kwabanye abefundisi.√
(Nayiphi na impendulo exhaswe ngokuchanekileyo) (3)

9.9 Ndiyanibulela ngokuzinikela kwenu emsebenzini kaThixo. √Ndibulela intsebenziswano yenu ngokufaka izandla ezipokothweni zenu ukuze sakhe inkonzo, Maze niqhubeke nisenza njalo nakubefundisi abezayo kule George Goch.√ (2

9.10 Ngabantu abamthandayo uThixo ilizwi leNkosi/ bayayithanda into entle.√ kuba xa kuthethwe ngegama likaThixo bakhupha konke abanako ukuxhasa ibandla nangona besaziwa njengabantu abanzima sisifundisi.√/ Ngabantu abanobubele.√ kuba bamamkele ngezandla ezishushu uMangaliso sele abanye abefundisi abangaphambili befuna ukuqonda ukuba ubadlele mthi mni na. √
(Nayiphi na kwezi) (2)

9.11 Ingalinika kuba inomzekelo onguThole obengenabo abazali esokola kodwa waphumelela.√√ (2)

9.12 Ndiyangqina kuba ukuphindela kwakhe esikolweni kukhokelele ekubeni uThole obesele enobumpangampanga, ehamba iindlela ezigwenxa kweli bali liphele liyolisa engumfundisi ophum'izandla.√√/ kuba uMangaliso ude wadibana noyise abengamazi ukuba usadla amazimba. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo*.*

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kule noveli ubuthandazwe busukuzana nempathekombi yabamnyama phantsi kwesandla sengcinezelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Zisuka nje kule noveli sihlanganiswa noMfazwe olithandazwe. Nangona kubonakala ukuba ayikho ncam entliziyweni yakhe injongo yokulwela isizwe kodwa iimeko zimtyhala, zimtyhobe ide ivele le nto ilapha kuye. Nalapha amacala mabini. Ngurhulumente wengcinezelo omelwe sisipolisa namahlakani aso aziimpimpi zawo kunye noMfazwe onawakhe amahlakani.
- Isipolisa sidlala indima yokumswantsulisa uMfazwe. UMfazwe usungula le mfazwe ngokuthi ngenxa yesikhundla abekwe kuso sisikolo sokuba ngumfundisi ntsapho wezeMbali afundise abafundi ngamalungelo abo kumagumbi okufundela. Kwakuqatshelwa oku kubeka ubomi bakhe esichengeni ngokuthi amapolisa ambambe amgxagxamise, amvalele evenini yamapolisa embetha emkhwelise kunye nenja.
- Kumngcwabo kaMachule kanye xa kuza kufikwa emangcwabeni, amapolisa aqala imbambano kodwa ngesibindi sakhe uMfazwe bazingcwaba izidumbu bebambalwa uninzi lubalekile.
- Utat'uGaba udlala indima ebalulekileyo njengommelwane kwikhaya lakhe naye ngeengcebiso
- UMfazwe uyazifohla unceda abahlobo bakhe. UMfundisi uHlathi udlala indima ebalulekileyo yokumcebisa ukuba abone ukuba angaqalisi, lo ngumsebenzi oqatywe uFriday, angathi kanti uthiyiselwe, makabhace. Uncama konke alifulathele ikhaya, abhacele eMthontsi kanti uya kujoyina umbutho iNtsimb'ebomvu abuye nawo sele uze kukhulula ilizwe.
- Ayibi lula indlela eya khona, inokufa phakathi kodwa zonke ezo zinto azimjikanga ukuba angayi uMfazwe kuba eyona njongo ibikukukhulula abantu abamnyama kwingcinezelo.
- UFriday udlala indima ebalulekileyo yokuthi amthengise ugxa wakhe, uMfazwe ngokuthi amtyhole ngobumpimpi uMfazwe de bamkholelwe nabahlali. Oku
- kungqinwa kukuba mhla uthile uMfazwe aye kwintlanganiso yabahlali eseholweni ngeenjongo zokuhlamba igama lakhe kwisityholo sobumpimpi aphume ngokubethwa ngabantu bakwaQaka.
- Ukutsha kwekhaya lakhe kuba kusithiwa ngungcothoza akumenzi nto kubuthandazwe bakhe nokuba akabazi abazali bakhe ukuba baye kutshona phi
- Nabafundi abebafundisa uMfazwe abasamazele nto ngenxa yokumpontshwa nguFriday ngelithi uyimpimpi ngamacebo engcinezelo okwethisa amandla kumathandazwe lawo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Ithetha ukuba bobabini basengozini kule ndawo ngenxa yamarhamncwa neenyoka kanti namapolisa abasindanga kuwo ngokulinganayo.√√ (2)

11.2 Zihambelana kuba izinto abhungce kuzo uMfazwe zibonisa ubukhalipha ubukrelekrele,ukomelela ngokufana nokhozi. √√ (2)

11.3 Lelokuba umzingeli umnike amafutha awayethi akuwaqaba atsho asinde kwiingozi ahlangana nazo endleleni.√√/Lelokuba umzingeli umnike umqwayito owawumnika amandla atsho angakhawulezi alambe. √√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.4 Ubukho bamapolisa bulukhulisile unxunguphalo kule ncwadi kuba nanjengoko abantu babebethwa, bebanjwa, bebulawa bengenatyala,abanye belifulathela eli lizwe bezama ukusindisa ubomi babo, abafundi bencwadi bona bebebambe umzimba benxubele ukuva izisombululo zezi ngxaki ukuze bayibeke phantsi incwadi abayifundayo.√√ (2)

11.5 Sisekubeni lo Mfazwe ugrogriswa ngokufa ngale mini incwadi iphela engumantyi, echophela amatyala aziswa kwasesi sipolisa ajamelene naso, kwakulo mbuso wawumfuna efile.√√ (2)

11.6 Libengumqondiso wezinto ezimbi aza kuhlangabezana nazo√ nanjengoko wahlangana nengozi phambili eluhambeni.√ (2)

11.7 Ziintetha zikaMfazwe ezizezi; 'Ngaxeshanye ndifunqule le kwekwe yasuka yathandeka'√ 'ndiyibeka phezu kwalo mlenze ungaqhwaleliyo.'√/ 'kodwa ke unonyana omhle gqitha.'√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

11.8 Kukubazoba ngokumayana abachazwayo uMfazwe noCikizwa√ kuba ukuzoba mayana kukuzoba ngokufihlakeleyo√ Kuba ukubanika abalinganiswa bazithethele kwenza abafundi bencwadi bazigqibele ngesimo sabalinganiswa√ siva oku bakuthethayo sitsho siqonde ukuba bangabantu abanjani uMfazwe uyamthanda umntwana kwaye noCikizwa unenkathalo ngomntwana nokuba akangowakhe. √

Kukubazoba ngqo abalinganiswa abachazwayo√ kuba ukuzoba ngqo kukuchaza ngokungafihlakalanga isimo neempawu zesimo somlinganiswa√ nakwesi sicatshulwa sichazelwa ukuba uMfazwe usisiqhwala, uZubuye mhle kwaye unosiba ebunzi.√
(Nayiphi na impendulo exhaswe ngokuchanekileyo) (2)

11.9 Nokuzola! Noko waphazama ngokungandixeleli ukuba uthwele umntwana wam.√ Lonke ixesha eli mna ndithi uthene nca noFriday ongumngcatshi wale nkululeko ndiyilwela nzima kanti undifihlela into enkulu!√/Ndibuhlungu ukuba ungenakuza apha uze kuziphendulela.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

11.10 Sesokuba kanti uNokuzola ungumntu onentliziyo yegolide nenyaniso√ naku engasikhuphanga isisu xa bengasatshotshelani.√ (2)

11.11 Ingazivuselela kuba inabantu abayimizekelo abalwela inkululeko bancama yonke into kodwa bazuza√√/ Kubekho abantu abancama ubomi babo, iintsapho zabo ukuze kufumaneke inkululeko.√√/Ingazivuselela kuba ifundisa ukuba bakho abantu abaye elubhacweni bafunda ukuze bazuze amawonga.√√
Ingangazivuseleli ikhuthaze ubumpimpi kuba iimpimpi ebezikule ncwadi bezizuza imali nezikhundla zethutyana ngobumpimpi bazo. Ingangazivuseleli kuba ubunzima obuthwelwe ngabalwela inkululeko bungayeyona nto ityhafisayo ikhuthaze ukungakhathali.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.12 Ubugorha bukaMfazwe buze notshintsho kubomi babantu abamnyama, batsho banesidima, baphila ubomi obungcono benamagunya nanjengoko uMfazwe wayesele engumantyi.√√ (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**KANYE**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo**

Ababhali beentsomi ngabantu abanobuchule bokuzalisekisa injongo zabo. Kwintsomi kaDeli noDeliwe bazalisekise ukufundisa ukuba umthandazo unamandla okoyisa ububi kwaye kwisibongo, 'NguRhulumente wethu lo' imbongi izalisekise ukufundisa ukuba ubuthandazwe bunamandla kunengcinezelo.

- Le ntsomi kaDeli noDeliwe ivula ngoDeliwe ongathandwayo ngabazali bakhe kuba ezelwe enesifombo. Ngokunokwakhe wayezibona ebonwa njengomntwana ombi xa ethelekiswa noDeli umnakwabo.
- Esi sifombo sibangela ukuba uDeliwe angcungcutheke kakhulu kuba engathandwa ngabazali kunye nomnakwabo.
- Olu ngcungcutheko ludlulela nasekuhlaleni apho ebegezelwa khona nangabanye abantwana.
- Abantu bebecwezela kude kuye xa bembona, naxa aya emlanjeni yena ebezibona ehambela kude kunabanye kuba eqonda ukuba bangathi kanti abafuni asondele kubo.
- Kuhambo olusingise kwaninakhulu apho athunywe khona, uDeli akafuni kumkhapha kuba engafuni kubonwa ehamba naye ngenxa yokuba enesifombo.
- Oku kumenza ahambe elila uDeliwe apha endleleni wada wanesingqala. Uthi esalila njalo eve ilizwi elimkhwazayo nelimbuza ukuba kutheni ehleli lusizi nje.
- Impendulo yakhe yeyokuba ulilolo kwaye udiniwe yindlela emqobayo ngenxa yamaqhina kuba ehamba yedwa.
- Kuthi kanti eli lizwi liza noncedo kuba wayalelwa ukuba anyamezele indlela anyuke intaba de afike encochoyini.
- Ukufika kwakhe ubona indlu enye amkelwe ngobubele lixhegwazana. Akuyichaza intlungu yakhe kulo elila liyavelana naye.
- Liyamomeleza limcebisa ukuba asule iinyembezi inye into enokumkhupha kule ntlungu ngumthandazo, nayiphina ingxaki ingasonjululwa nguThixo.
- Umyalela ukuba avale umnyango bathandaze emgonya ngethemba lokuba uThixo uzakuwuva umthandazo wakhe amphendule.
- Ukuthandaza kwakhe kuzisa ithemba kuDeliwe, amyalele ukuba agoduke.
- Ukufika kwakhe ekhaya ufumanisa ukuba isifombo sisukile, azibuke esipilini engakholelwa.
- Uguqa ngamadolo abulela uThixo ngokuva umthandazo wakhe.
- Ukuya kwakhe emlanjeni wayezele imincili nalapho avuma iingoma zakhe zecawa, ababuzayo ukuba wenze njani wayemisa ngamandla omthandazo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Oku kubonakalisa ukuba umthandazo ube namandla okumoyisela ububi, ukundandatheka kwentliziyo ngenxa yezingcikivo naye wazibona eyinzwakazi ezele yimincili.
- Ubuthandazwe bukaMandela obuvezwa kwisibongo'NguRhulumente wethu lo' bucaca mhlophe ukuba yoyisile ingcinezelo ebigqubа kweloMzantsi Afrika.
- Imbongi imbonga imtyibela ngendima ayidlalileyo okaMandela, esenza zonke iinzame zokuba uMzantsi Afrika ukhululeke.
- Imbongi imbonga nangemfundo anayo nethe yancedisana naye ekulweleni inkululeko.
- Iyiveza elubala ukuba khange kube lula kuMandela ngexesha evalelwe esiqithini iminyaka engagungqi kwiinzame zakhe.
- Imbongi icaphula iintetho zikaMandela ukuvuselela izazela zabo bangazange bazeke mzekweni kuye ebethelela ukuba akanatyala yena ukwenzile okwakhe bokukhulula isizwe into ilele kubantu baseMzantsi Afrika ukuqinisekisa ukuba ingcinezelo imka ngokupheleleyo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI*** **– MMI Swana nabanye**

13.1 Kungokuba iimpawu zabo nokwenza kwabo zithathelwa kwizenzo ezaziwa ngazo.√√/ kungokuba izilwanyana izimo zazo zisekwe kudidi lwesilwanyana hayi ukwahluka njengoko kunjalo kubantu.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

13.2 Ngenxa yokuba iyintetho eyoyikisayo wonke umntu ubamba amazinyo xa ithethwa kuba akazi ukuba sakuthwani isilwanyana.√√ (2)

13.3 Ningabe niphinde nimjongele phantsi uFudwazana ngoba ukwazile ukoyisa isilwanyana enisoyikileyo nina.√/Zifundiseni ukuzama ningoyiswa ningazamanga.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

13.4 Ibengumqondiso woloyiso √ngoba izilwanyana zive kule ngoma ukuba wenze umsebenzi omkhulu.√ (2)

13.5 Kuyitshintshe ngendlela yokuba uFudwazana wabanjwa ngesandla esidlangalaleni evunywa zizilwanyana, waqala wahlonipheka phakathi kwezinye izilwanyana.√√ (2)

13.6 Ingabafundisa kuba uFudwazana ube ngumzekelo omhle ophumelelayo womntu ongakhange azeye esakuhlangabezana nemingeni ebomini, waqula waya waphumelela.√√

Ingangabafundisi ukuzithemba nokungazoyikiseli kuba ukubulawa kwezilwanyana ezikhulu kungabenza bazoyikisele bazisizele xa bejonge umngcipheko azibeke kuwo uFudwazana.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

13.7 Ndiyangqina kuba emva kokuba uFudwazana ebulele uMaginy'inyathi,√ iinyamakazana zaye zahlala ngolonwabo zingenaxhala lokugqitywa kombona wazo.√√ (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.8 Idlale indima enkulu kuba ukwazile ukulawula ngokukuko kuba efundile enesidanga saseFort Hare.√√ (2)

13.9 Uthetha ngabantu abangaqondiyo abangaziboniyo nokuba sele bengena engxakini.√√ (2)

13.10 Siphuhlisa ukuba kukhonya yena okanye akanantanga okanye umntu omodlulayo ngokulawula.√√ (2)

13.11 Umqolo ubhekisa kwisithomo sikaZilimbola ngumfo omde ngesithomo.√ usebenzise isikweko umfanisa nomthi wona unamasebe ngenxa yokuba emacala maninzi, eyimfundi, enxiba ngokwahlukileyo kwiimeko ngeemeko njengoko isicatshulwa sombongo sichaza.√ (2)

13.12 Yonwabile√/ inamahlwahlwa ngoZilimbola√ kuba iyamncoma, iyamtyibela ukususela kwisithomo, imisebenzi yakhe kuzo zonke izintlu zabantu.√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo.

Igama 'umntwana' libhekisele kubalinganiswa abalulutsha abakule ncwadi yedrama. Intlonelo iquka ukuzithoba, ukumamela ukuthatha ilizwi labadala ulilandele ngokwabantu abadala.Kanti ke inokuba silibele ukuba kwiimeko zokuqhutywa luthando intlonelo kuxhaphakile ukuba ingabi naso isihlalo. Ngokoluvo lukaMfundisi abantwana abangahloneli abazali baba nobomi obufutshane. Ngokwale drama olu luvo luyangqineka nangona ikho nendlela olungachaseka ngayo. Bakho ababhudileyo ababahlonela abazali babo abanye babahlonela kodwa ngokulinganayo bazibona begaxeleka kwiimeko zobomi ezikrakra. Isincoko singachaphazela iimeko zaba balinganiswa, UGugulethu, uMzamo, uNomaMpondomise, uThobeka.

- UGugulethu ngomnye wabalinganiswa abathe babonakala ngokungathi abanantlonipho waze waphila ubomi obufutshane. Xa sizikhumbuza ngaye, sihlangana naye ekhunjuzwe nguyise ngexabiso akulo elenza ukuba
- kulindeleke kuwonke wonke ukuba azeke. Uyavumelana nabazali ngalo mba kodwa akuvunyelwana ngokuba nguyise omakabonele uGugulethu umfazi.
- Impazamo isekubeni abazali besithi mdala akanakufunzwa kube ngokwakuye
- babonakala bencwase ukumfunza kuba babuye bambonele lo mfazi ngokwabo. Oko kungqamana nemini yomtshato apho ahlangana noNomaMpondomise awamthanda kwakudala. Kuye lixesha lokuzithethelela ezalisekisa lo mnqweno wakhe nabazali kanti uMagaba noZwilakhe bavalelene ngokumzekela.
- Ukuvuma kukaNomaMpondomise ukutshata uGugulethu kungqamana nesigqibo sabazali sokuba baza kumbonela kuba uselula akakazi nto ngomfazi. Ubushushu begazi buyangenelela kuba uGugulethu akaziniki thuba lakumcenga yedwa uyise, engaziniki nelokucenga unina ongumsunguli wale ngxubakaxaka. Zisuka nje uthatha isigqibo sokungaze aphinde aphendule mntu ngalo mba kuba ngokwakuye akukho mntu ufuna kummamela.
- Iqhabalaka ibhobhile ngokusuka afuthaniselwe bubushushu bokuzibona ethembise uNomaMpondomise angasakwazi kuthetha nto kuye ngale ngxaki esoyika ukuba lixoki kanti noyise akafuni kuba lixoki enkosikazini yakhe kuba uthembise ngokuyimela le nto akukhunjuzwa ngobudoda bakhe obusemngciphekweni ngumfazi.
- Ukungahloneli kusekubeni sele ebizwa uthi makubuzwe kuyise konke ngalo mba. Ukude aye kufika ecaweni apho amele kutshatiswa nalapho uzinge ngebinzana elinye, kwaye lo mba uguqukile sowukwinqanaba lomzabalazo. Bonke abazali, wena Mfundisi, wena Hlubi bapeyintwa ngebrashi enye – le ka 'Buzani kubawo'.
- Oku kungathethi namntu kuthathwa njengemeko yokungabi nantlonelo ingakumbi kuba akazenzi nezinto acelwa nayalelwa ukuba azenze koko sisimbonono sika 'Buzani kubawo'.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ooyisekazi uMthetho noNyaniso bancama ibe ngabo abazithoba kuye bemcela ukuba acingisise nangoku selede walifulathela ikhaya. Nalapho ubonakalisa ukuzala ingqumbo engazange imncede.
- UGugulethu akabahloneli ooYisekazi xa bembiza ukuba aze kuziphendulela kwindaba yokuba ebonelwa umfazi ngokuthi angezi kuba ekhalele, oku kubangela ukuba kuthathwe isigqibo ngaphandle kwakhe engakhange azinike ithuba lokuba avakalise izizathu zakhe ezibangela ukuba angafuni kutshata noThobeka.
- Ukuqhubekeka komtshato kumbeka ecaweni phambi komfundisi apho asuke anganiki ntlonelo kubazali, kumfundisi kunye nabantu abaze emtshatweni xa ngokuthi angavumi ukwenza izibhambhathiso kunye nokutyikitya isiqinisekiso somtshato wabo luphela utyikityo lusenziwa nguyise, uZwilakhe. Le ndelelo kubazali nakumfundisi imzisela ilishwa lokuba aphulukane nomhlobo bakhe uMzamo ehlatywa kanye kulo msitho wakhe.
- UGugulethu khange abonwabele ubutsha bakhe ithuba elide kuba wazibona elilolo elikwimo yoxinzelelo waphazamiseka engqondweni wagqibela ngokwenza isihelegu sokubulala uThobeka nabantwana. Oko kumdudulela kwiinkundla zamatyala nalapho aphela egwetywa intambo babe buyaphela ubomi bakhe eseze ngobuso elizweni.
- UMzamo ngumlinganiswa ongumntu omtsha, udlala indima yokuba ngumlingane kaGugulethu olikholwane likaGugulethu. Xa ebona ugxa wakhe ephuke umoya uziva efuna ukungenelela aye kuZwilakhe ngesi sihelegu sehlele ugxa wakhe. Nobushushu begazi uzibona engena kwiintshwabulo eshwabulela umntu omdala. Amazwi, athi isala kutyelwa sibona ngolophu aziwa njengezishwabulo ngamaXhosa atsho abonwe njengongenantlonelo. Oku kushwabula kubangela ukuba angabonwabeli ubutsha bakhe kuba ubomi bakhe banqunyulwa esemtsha ngokuhlatywa nguNimrod asweleke.
- UNomaMpondomise ukolu lutsha luqhutywa ziiimpembelelo zothando. Yena ngokuthi swii nguGugulethu ukhupha iinkomo zikaMcunukelwa abazali bakhe bemnqanda ngethemba leenkomo zikaGugulethu amthandayo. Akeva kucetyiswa de athi eboniswa ukungalungi koko akwenzayo aqhube. Oku kungabi nantlonipho kukhokelele ekubeni angawufumani loo mtshato ebenethemba lawo kuGugulethu. Ngoko nangoko uphulukana nobuyena akufumana iindaba zokuba uGugulethu sele etshatile. Ukungonwabi kumdudulela enkundleni yamatyala emangalela uGugulethu. Icace gca ukungabikho le yakhe intlonelo kuba wenze isimbonono sokucela uxolo kubazali bakhe kuloo nkundla engaqondwa kanti inxeba linzulu. Uphuma apho aye kuzeyelisela emlanjeni. Waba ubushunqulele ubomi bakhe ngokungabi nantlonelo.
- Bakho abalinganiswa abathe nangona bengakhange badelele banelishwa. Kuyacingeleka ukuba amazwi kaMfundisi awanandawo kwiimeko zabo.
- UMcunukelwa ngomnye wabalinganiswa abathe bahlonela abazali babo kodwa kunjalo waphela engabunambithi ubomi bakhe bobutsha mhla ephoxeka kuNomaMpondomise othe wabuyisa iinkomo zelobola. Oku kwambangela ukuba ubomi obumnandi ebezithembise bona buphele phakathi waphela edandatheka umphefumlo.
- UThobeka ungumlinganiswa oye wabahlonela abazali bakhe wathi noxa mhla eyocelelwa uGugulethu nangona wayebonakalisa ukungayithandi le nyewe kodwa kuba efuna ukuhlonela abazali waphela esiya emzini. Uye wazishunqulela ubomi obumnandi bobuntombi wazithi nka ngomzi apho angafunwa khona.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ukuhlonela isiko nelizwi labazali kunye nelo lasemzini uye ahlale nangona iimeko ezibona ukuba zimbi kuba uGugulethu ebonakalise phandle ukuba akamfuni ngokungatyikityi isivumelwano somtshato wade wazila nekhaya sele esithi uswelekelwe ngowakhe umfazi.
- Uzibona elikhoboka lokuzaliswa abantwana bade babe bathathu ngumntu angatshatanga naye aphinde ngenxa yentlonelo yomzi avume ukusiwa kuGugulethu kunye nabo bantwana abangengobakhe oku kubangela ukuba ubomi bakhe bushunqulelwe phakathi engakhange abunambithe kuba waye wabulawa nguGugulethu kunye nabantwana bakhe.

Nangona incwadi iqaqambisa ukuba abalinganiswa abatsha abangenayo intlonelo kubazali nakwisiko labo, baphela bengonwabi baphela bezibulala okanye bebulawa, bakho nabo baphinde bangamaxhoba okuhlonela isiko nabazali ngokugqithisileyo nabo baphile impilo engonwabanga, bekwimo yoxinzelelo bade bashunquleka ubomi babo. **[25]**

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**

***BUZANI KUBAWO*** **– WK Tamsanqa**

15.1 Ilishwa lokuphulukana nokutshata noGugulethu abesele ekhuphe neenkomo zikaMcunukelwa enenjongo zokutshatwa nguGugulethu kanti uGugulethu uza kutshatiswa noThobeka.√/Ilishwa lokuzeyelisela kukaNomaMpondomise emlanjeni.√/Ilishwa lokubhubha kukanina.√/Ilishwa lokuma ezinkundleni amangalele umfana owaphule isithembiso.√/ Ilishwa lokuzisola ngokungathobeli abazali.√
(Nasiphi na isithathu kwezi) (3)

15.2 Yile ithi, ngenxa yothando umntu uba ngumbulali ngoku ebengadalelwanga kubulala√ uGugulethu ubulala uThobeka nabantwana bakaThobeka abathathu engazange abulale mntu ngaphambili okanye abe sisigwinta.√ (2)

15.3 'Sisizungu sani ondimele ngaso?'√/'Akuhli ngoku ukutya endikutyayo'√/'Ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke ubuthongo.'√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

15.4 Ineempawu zempixano yangaphakathi√ kuba eyangaphakathi igqama ngokudla kwakumniniyo, bobabini ngokwesicatshulwa banokudandatheka kwemiphefumlo ngenxa yolu thando.√ (2)

15.5 Kwinqanaba lengabula zigcawu/Intshayelelo√ kuba olunye kwiimpawu zenqanaba lengabula zigcawu olukukutyala izithole zempixano luyavela xa ingxoxo ithwele unobangela wengxaki etyhutyha eli bali.√/ Ingabula zigcawu kuba kukweli nqanaba apho siboniswe okuza kwenzeka kwesi sibini ngenxa yothando lwaso.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


15.6 Ndiyaluxhasa kuba lumkhokelele kwisiwo sakhe kuba uye wahlala kulo nangoku sele eswelekile uNomaMpondomise kwaze oko kwamenza wabulala, wagwetyelwa intambo√√/ Ngokuthi akutshatiswa noThobeka uNomaMpondomise amse kwiinkundla zamatyala ngenxa yokwaphula isithembiso sabo.√√/Ngokuthi uGugulethu aphulukane noNomaMpondomise oye wazibulala kuba engamtshatanga.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.7 Ngumba wesithethe sabantu abathile√√/ ngumba wokutshintsha kwamaxesha ezimbalini√√/ngumba wexesha ezimbalini. √√/ngumba wokwahluka kwabalinganiswa ngokobudala. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.8 UGugulethu akafuni kutyikitya isivumelwano somtshato phambi komfundisi√/ UGugulethu umangalelwa nguNomampondomise ngokungabambi sithembiso √/ UZweni uyazihlamba ezakhe izandla angafuni kubandakanywa kwiingxoxo zamaHlubi zokunyanzelisa uGugulethu ngoThobeka√/ UGugulethu ufulathela ikhaya ebaleka uThobeka aye eMthatha√/ UThobeka uba nabantwana abathathu nangona uGugulethu walifulathela kudala ikhaya√/ UZwilakhe uthumela uThobeka nabantwana kuGugulethu osuke ababulale.√/Umantyi umgweba intambo uGugulethu.√/ UMaGaba uyabhubha.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

15.9 UZweni uchasa umkhwa wabazali abakhethela abantwana ooNdofa naye ngeli xesha uNyaniso axhasayo kanye lo mkhwa ngokuhambisana noZwilakhe.√√ (2)

15.10 Ubonisa ubukrwada kuba uyamgwexa ngathi uthetha nentanga yakhe.√√/Ubonakalisa ukudikwa nokungabi namdla walo mba awubizelwayo kuba uthi imibuzo yonke mayiphoswe kuyise.√√/

Noko uGugulethu kufanele ukuba azidine aye xa ebizwa abeke uluvo lwakhe hleze awenze umahluko kwezi ntlanganiso√√/Ngezi mpendulo zakhe wangeza nje inani labantu abakhathazekayo ziimpendulo zakhe.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.11 Uphuphelo lukrobiso kwisiganeko esisezayo encwadini.√ Aluphuphelo la mazwi kuba akrobisa kwisiganeko sokufa esathi salandela njengesokubulawa kukaMzamo /njengesokuzeyelisela kukaNomaMpondomise emlanjeni/ njenge sikaGugulethu sokubulala uThobeka nabantwana/ njengesokusweleka kukaMaGaba.√
(Isiganeko esinye sanele kule mpendulo) (2)

15.12 Intetho kaZweni ihambelana nomxholo wale drama kuba umxholo wale drama ungoqhankqalazo√/ Umxholo ungesikhalazo esenziwa lulutsha sokuchila ukukhethelwa umfazi ngabazali phantsi kwengubo yesiko lokubonelwa√/ Intetho kaZweni ityhila ukuhambelana ngqo nomxholo kuba umfana ngeliqhankqalazayo akasafuni nento emthethisa nabazali abangalithathiyo, ilizwi lakhe ukhalala ngelithi uyise makaphendule.√
(Nayiphi na kwezi) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-32 ukuhlola lo mbuzo.

Intetha ethi 'inene lo mhlaba uyahlaba' iqaqanjiswe ngokusebenzisa imeko yendlala etyhutyha amakhaya abalinganiswa abakule drama. Oomama uMamQhinebe noMaGatyeni balambe bade bathi bakuva ameva endlala bangena kumkhuba wokuba iintsana baweva ameva omhlaba kwakhona kuba isenzo sabo sibafaka kwezimnyama izisele, babanjwe.
Ootata abanguMagrazula, Dlezinye, Maqhikizane nabo bayakuva ukuhlaba komhlaba bakungena kwimikhuba engalunganga ngakumbi bakuhlatywa lulwamvila lomthetho. UMaqhikizane ulahlekelwa ngumsebenzi, avalelwe kwezimnyama izisele ekubeni sele esondele kwixesha lakhe lokudla umhlalaphantsi.

- Indlala imenze uMamQhinebe waphulukana neendlela zakhe zobuKrestu, walukuhleka lula ekubeni iintsana ngeenjongo zokususa ikati eziko.
- UMamQhinebe wenza isimbonono ehleli noSiqhiwu sokuba ukruqukile yindlala de kucace ukuba sele efuna ukubhenela ekumnyobeni uMaqhikizane kuba ithemba labo, bengabazali abafundise nzima abantwana libuye lahlaba kwakubo.
- Uphinda asenze isimbonono uMamQhinebe, behleli besisifazi noMaGatyeni bechukusha iinzingo abahambe phantsi kwazo.
- Indlu kaMamQhinebe ingena kwiingxaki ngokuthi ibonelelwe nguDlezinye ngenxa yokuba engumhlolokazi abe angabambeka lula yiminatha efuna ukumrhintyela.
- USiqhiwu unyana kaMamQhinebe usokola umsebenzi kubonakale ukuba xa kukudala ezama yena ukuxolele ukukhuthuza kodwa yena kunokunyoba - okunye okukwahlabana nomthetho. Nolunye ulutsha olufana nooSirhezu, Siphokazi luyaweva ameva omhlaba kuba uSirhezu ngenxa yendlala uphantse ukuphulukana noSiphokazi. Ukungafumani misebenzi befundile abantwana kuba uMaQhikizane ebafaka kwimeko yokurhosha, ooSiphokazi nolunye ulutsha olungamantombazana. Konke okuchazwe ngentla kuzoba imeko yentsokolo abaphila phantsi kwayo.
- Umsebenzi obukholisa usenziwa nguMamQhinebe wokuthwaliswa abantu imithwalo yabo erenkini okokuba aphiwe loo madlana yokuba athenge ukutya ububungqina bokuba umhlaba uyahlaba kuba asimsebenzi unokuwenzela ukondla abantwana lo.
- Imeko kaMamQhinebe yendlala yokuba unyana wakhe engafumani msebenzi imenza ukuba avume icebo likaMagrazula lokuqiniswa ngeendlela ezibuhlungu ukuze akwazi ukuba iintsana azithengisele yena azuze kakhulu yena noxa esebenze kancinci.
- Icebo uMamQhinebe alifumana kuDlezinye lokuba abantwana abathengise aze uDlezinye afumane imali eninzi kunaye libubungqina bokuhlaba komhlaba kwicala lakhe kuba kukuhamba phezu kwameva ukuba iintsana.
- Bahamba beziba ezi ntsana kodwa baye babhaqwe ngokuthi umntwana angavumi kuthula kanti iza kuba yindlela yabo ebheka ejele, buvakale khona ubuzaza bokuhlaba komhlaba.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Isiwo sikaMamQhinebe esikukukubanjwa esaphethe usana alubileyo sibangelwe kukukruqulwa kwakhe yintsokolo nokufuna iindlela ezikhawulezayo zokubasisityebi asuse indlala ekudala igqubа endlwini yakhe.
- Indlala egqubayo kule ncwadi imenza ixhoba uMaqhikizane ngokuthi azibone ebanjwa kuba exhaphaza amahlwempu.
- Kwelinye icala uMaqhikizane ufuna ukuba uSiqhiwu makamnyobe ukuze amqeshe kodwa uSiqhiwu akanamali akaphangeli ndawo endaweni yokumqesha aze ayifune mva imali yentlawulo. Kambe uyamhlaba uSiqhiwu umhlaba noxa ebesenza izifungo nje kangangokuba loo meva amhlabe wataka amacebo.
- Ngenxa yendlala uyamhlaba uSiphokazi umhlaba kuba uzibona elukuhleka lula kwisicelo sikaMaqhikizane esingalunganga kuba imali kaMaqhikizane elikhulu leerandi ifuna ukubuyiswa. Lulwamvila lomhlaba olu kuba lusana olu luza kuphulukana neenjongo zalo zobomi ngenxa yexhego.
- USiqhiwu wenza iyelenqe lokuba abusiphule neengcambu ubuqhophololo obenziwa nguMaqhikizane ngokukumbambisa emapoliseni. Ngolo hlobo utsho uhlabe umhlaba kuMaqhikizane.
- UMaqhikizane uyabanjwa ngenxa yokunyoluka yena nanjengoko izenzo zakhe bezingaqhutywa yindlala koko exhaphaza abantu abasendlaleni.
- Indlala yala makhaya mabini elikaMamQhinebe nelikaMaGatyeni ikhokelela kwisiwo sawo la makhosikazi kuba ibakhuphe nasekuthandazeni okulithemba loomama abaninzi abasokolayo. Kuyakholeleka ukuba ukuphuma komntu ongumama webhatyi emthandazweni kumenza ixhoba lomhlaba.
- UMaqhikizane uphelelwa ngumsebenzi ade ayokuvalelwa ejele ube uyazenzela ukumhlaba umhlaba.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 UMaqhikizane uhlawulisa abantu imali ukuze bafumane imisebenzi.√/uDlezinye noMagrazula banqumla abantu iintloko√/ UMagrazula uba iintsana zabantu√/ UMamQhinebe noMaGatyeni beba iintsana zabantu.√ (Nasiphi na isithathu kwezi.) (3)

17.2 USiqhiwu akazange ade akhuthuze√ koko ulwe isenzo sokukhuthuza kuba nanko eleqa uMaqhikizane ade abanjwe.√ (2)

17.3 'Inceba ayikho kweli hlabathi'√ 'ndisuke ndacinga ukuba kubhetele nokuya kukhuthuza xa kunje'√/ 'ungazidubi kakhul'umphefumlo Siqhiwu.'√ (Nasiphi na isibini kwezi) (2)

17.4 Kutyhileka impixano yangaphandle√ kuba kwimpixano yangaphandle kungquzulana amaqela amabini azimvo zingafaniyo. Kule drama ngoohlohlesakhe kunye nabalambileyo ngokwentetho kaSiqhiwu.√ (2)

17.5 Kwinqanaba lengabula zigcawu√/ kwinqanaba lentshayelelo√ kuba olunye kwiimpawu zenqanaba lengabula zigcawu olukukutyala izithole zempixano luyavela xa ingxoxo iqulethe unobangela wengxaki eza kutyhutyha eli bali.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.6 Ndiyaluxhasa kuba uMaqhikizane uthe ngokurhumrheka wayifuna kuSiqhiwu nakuSiphokazi le mali yesinyobo kanti uzinakile wabanjwa, wavalelwa ejele, sehla isidima sakhe sokuba ngumqeshi kwisebe lakwarhulumente.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

17.7 Yindawo eliqhubeka kuyo ibali kwaNoziphongo √√/ ixesha lemini ekuqhubeka ngalo ibali. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.8 Kubiwe usana lukaNoziphongo√/ UNoziphongo wahlukene nomntu oncedisayo, uPixie ngokusuka amgxothele esi senzo√/ uNoziphongo uyayoba xa umkhondo wosana lwakhe ungafumaneki ekliniki.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

17.9 Bamele amacala amabini uMamQhinebe umele icala lokwaphulwa komthetho√ ngeli xesha uSiqhiwu amele icala lobulungisa okanye lomthetho.√ (2)

17.10 UMamQhinebe ukhangeleka emqweqwedisa noko uPixie ngezi ntetho zakhe√/ kuba ziquka ukungafuni neempendulo zikaPixie kwaye nosana uthi uza kuhamba nalo engalindelanga mvume yamntu.√/ UMamQhinebe uvakala engamniki thuba lakufumana ulwazi oluphangaleleyo uPixie ngobukho bakhe√ kuba ezi zithuba uzivala ngezigqibo zakhe ezingxamisekileyo ezingafuni nempendulo.√
(Nayiphi na kwezi) (2)

17.11 Uphuphelo lukrobiso kwisiganeko esisezayo encwadini√ Aluphuphelo kuba ixhala abe nalo liye lasikrobisa kwisiganeko sokubiwa kosana lwakhe.√ (2)

17.12 Umxholo wedrama ungendlala enezimanga eyenza abantu benze amanyala.√ NoMamQhinebe wenza inyala/ isikizi lokuba umntwana efuna ukususa ikati eziko, esi senzo siyahambelana nomxholo othi 'indlal'inamanyala. √ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | 5-6 | 4 | 3 | 2 | 0–1 |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| | 4 | 3 | 2 | 1 | 0 |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke-konke nesimbo esingachanekanga |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.